

IZIBHALO ZOKHOLO  
ISIPROFETO SAKHO SEMIHLA NGEMIHLA

ISSUE 1

Jan - Feb - Mar

2026

# lindaba Ezilungileyo

Mihla Yonke

ISIMAHLA

AYITHENGISWA

LE NOWACK YIZIBHALO  
ZOKHOLO SELE IBHATILELWE  
NGABANABI BETHU AYITHENGISWA.

Ngamanzi abandayo emphefumleni otyhafileyo lindaba ezilungileyo, ezivela ezweni elikude. (Imizekeliso 25:25)

Uebert & BeBe  
ANGEL



## OKUMALUNGA NALE NCWADI YEZIFUNDO ZOKHOLO

IGoodNews Daily le, liLizwi lakho lesiprofeto sosuku yaye sisixhobo esixatyiweyo kakhulu kwezobuKrestu nesibhalwe ngobuchule obubodwa ukuze sixhobise abantu ngokomoya suku ngalunye lonyaka. Le ncwadana ingena nzulu ezibhalweni, ikhuphe izityhilelo kunye neziprofeto zemihla ngemihla ezijolise ekukhokeleni abafundi kubomi obungqale kuKrestu, obusekelwe bazinziswa kwiimfundiso eziguqulayo kunye nesityhilelo sikaMprofeti u-Uebert Angel. Le ncwadana ikhutshwa qho ngekota, yahlukile kunjalonje ngoba ifikelela kwihlabathi jikelele, ifumaneka simahla ngeelwimi ezininzi ukuze kungabikho bani uthi akawuva umyalezo wayo ngenxa yokungaluqondi ulwimi ebhalwe ngalo, nomyalezo wayo onguguqulimpilo ufikeleleka kwihlabathi lonke. Ziindidi nathu ezi ncwadana, yeyabadala, umthinjana kunye nabaselula. IGoodNews Daily akukho mntu ingamlungiselelanga ngokobudala bakhe ngeLizwi lesiprofeto, ixhobisa, isomeleza, ikhuthaza iintsapho ukuba zikhule kunye eNkosini, elukholweni nangokwesityhilelo esiqukathileyo.

### UEBERT NOBE BE ANGEL

Ngamava azo ezi nkokeli zimbini zebandla, uMprofeti u-Uebert noMprofetikazi uBebe Angel, zivelele apha ehlabathini ngokuqagamba kwamazwi azo ekuhambiseni lindaba ezilungileyo zobabalo lukaThixo (Euangelion) kunye nokuphakamisa inkonzo yobuprofeti ehlabathini. Njengababhali ababalaseleyo beencwadi ezinomtsalane nezinefuthe, liyabonakala igalelo labo kuncwadi lobuKrestu kwiincwadi zabo ezinjengezi zithi, Spiritual Warfare, Prayer Banks, Supernatural Power of The Believer, Grace Driven Life, kunye nayo yona iGoodNews Daily Devotional le iyincwadi yezibhalo zokholo zamihla yonke. Ngenxa yodumo kumbono wabo, ukuba ngoovulindlela kunye nobunkokeli obuphume izandla, u-Uebert noBebe Angel bahlala bemenywa njengezithethi ezinkomfeni jikelele.. Nanjengokuba bengoojulindlela ehlabathini nabaseki beNkonzo iGoodNews Church (Spirit Embassy), bekwakubizo lobuProfeti, inkulu, inzulu impembelelo asele benayo kwizigidi zabantu ehlabathini jikelele, beqhutywa kukuzinikela kwabo okungagungqiyo ekuhambiseni isityhilelo ngeeNdaba ezilungileyo namandla obabalo lukaThixo aguqula izinto (Euangelion).





## GoodNews DAILY

NAMKELEKILE KULO NYAKA WEOYILI ENGAQHELEKANGA

# IMIMANGALISO ENGAQHELEKANGA

Izenzo 19:11 (KJV)

Waye noThixo esenze ngezandla zikaPawulos imisebenzi yamandla engahlali isihla;

Igama elithi “esenze” kule vesi, ngesiGrike lithi poiéō, yaye lithatha ukwakha okanye ukuyila into ngobuchule. Oku kutyhila ukuba imimangaliso eyayisenzeka e-Efese yayiyeyobuchule, ingaqhelekanga, engazange yabonwa ngaphambili.

UMpostile uPawulos wazibona sele ehamba kwilizwe lemimangaliso engaqhelekanga, eyayidlula nayiphi imimangaliso awakha wayibona apha endleleni yakhe yobupostile. Ezi yayiziziganeko ezazikwelona nqanaba liphezulu, ezazingazanga zabonwa endalweni

Qaphela le ndawo ithi “ngezandla zikaPawulos.” Ibonakalisa ukuba uThixo iinjongo zakhe uzifezeisa ngokusebenzisa abantwana bakhe. Ndithi ngezandla ezi zakho kuza kwenzeka imimangaliso. Uza kwenza izinto ezingazanga zabonwa efemelinini yakho, ebhizinesini yakho nakuyo nayiphi na into enxulumene nawe, kwaye oko kuqala ngalo mzuzu!

### ISIPROFETO

Lo ngunyaka wam wokwenza izinto ezibukwayo nemimangaliso engazange yabonwa. Ndiyaprofeta ndithi usuku nosuku kulo nyaka luza nezona zinto zilungileyo zisuka kuThixo wam. Ngunyaka wam woloyiso lo, andifelishi nakwenye into; ngunyaka wempumelelo ngeGama likaYesu!



**FUNDA UZANDISELE**  
UMarko 16:17-18



**I-365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 1**  
IGenesis 1-3; UMateyu 1

## IPHI IMIQONDISO?

UMarko 16:17-18 (KJV)

Imiqondiso ke eya kulandelana nabo bakholiweyo nantsi: egameni lam baya kukhupha iidemon; baya kuthetha ngeelwimi ezintsha; baya kuphatha iinyoka; nokuba bathe basela into ebulalayo, ayikukha ibenzakalise bona; baya Kubeka izandla [hezu kwemilwelwe iphile.

UYesu ukhankanya imiqondiso ebonisa abo bakholelwa kuye. Oku kuthetha ukuba ukuba ukholelwa ngonene kuYesu, awunako ukoyika. Ukuba woyika ukugula, umphathi wakho, woyika ukuqala ibhizinesi okanye ukuqala ubudlelane nomntu omtsha, uza kuthi ngowuphi ke lo Thixo ukholelwa kuye?

Isifundo sanamhlanje sithi imimangaliso eyothusayo ilandela abo bakholelwayo kuThixo. Ukuba akulandelwa yimiqondiso, bhenca ukholo lwakho.

Ngamawaka ngamawaka abantu abanezifo ezisulelayo ezaziwayo endibabeka izandla, kodwa azange khe ndicinge nokucinga ukuba bangandisulela. Ndiyazazi ukuba ndingubani mna, akukho nentlantsi yoloyiko kwi-DNA yam.

### ISIPROFETO

Kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga, akukho kwanto ibulalayo okanye imbi iza kundichaphazela. Akazukulenza ixesha usathana, uleyithi, andizukuwa. Sendiphumelele, ngeGama likaYesu! Halleluya



**FUNDA UZANDISELE**  
ULuka 10:19



**I-365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 2**  
ULuka 1:1-20; liNdumiso 1-3



## NDIYAKHOLELWA KWIMIMANGALISO

KwabaseHebhere 2:4 (NLT)

...uThixo engqinelana nabo ngemiqondiso kwanezimanga, nemisebenzi ngemisebenzi yamandla, nezabelo zoMoya oyiNgcwele, ngokokuthanda kwakhe?

Kulilishwa ukuba abanye abantu abayikowuta kakhulu iBhayibhile bathi ayisekho imiqondiso okanye imimangaliso ayisenzeki. Yingqondo egqwethekileyo leyo, emntu wayo ungazi nto. Abanye bethu imimangaliso yinto esiyiphilayo, esiyiphefumlayo, esiyibonayo nesiyxhamla mihla le. Ukukholelwa kuThixo kukukholelwa kukwenza kwalowo unamandla adlula awemvelo. Ukuba uthi akuyikholwa imiqondiso, akukholelwa kuThixo!

Imiqondiso, (miracle), ibonakala xa uThixo engenelela kwimicimbi yomntu. UThixo, enguMoya nje, uhlala enjalo. Laa mpendulo yakhe ekulaa ndawo akuyo singayiboniyo thina, ngumqondiso lowo, i-miracle.

Kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga, uThixo unomnqweno wokuba kuphuphume imimangaliso ebomini bakho. Eli xesha sikulo lelokuba sibone izimanga zikaThixo ezingazange zibonwe ngaphambili. Qalisa ngoku, wenze le nto ithethwa liLizwi, ukholo lwakho lukhule de imimangaliso le ibe yinto eqhelekileyo ebomini bakho.

### ISIPROFETO

Ndithetha imiqondiso nemimangaliso ebomini bam ngoku, ngamandla kaMoya oyiNgcwele! Wena nto ingalunganga, vela ngoku uliva nje ilizwi lam ngeGama likaYesu!



**FUNDA UZANDISELE**

UMarko 16:20



**I-365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 3**

IGenesis 4-6; UMateyu 2

**GoodNews**  
DAILY

## ZIKHETHELE ISANGO

**UMateyu 7:13 (KJV)**

**Ngenani ngesango elimxinwa; ngokuba libanzi isango, iphangalele nendlela esa entshabalalweni; baninzi ke abangena ngalo.**

Masithi uthunyiweyaye unikwe iindlela ezimbini. indlela elula esa ekufeni, okanye indlela enzima esa ebomini. Wonke umntu okhonzayo ungcinga ukuba uza kukhetha le yesibini. Ngubani kakade ofuna ukuphuncukana nobomi bakhe? Kambe akunjalo.

Amanye amaKrestu azifumana ekwindlela “elula” yasehlabathini, egangathiweyo yona, nenezibane eziqaqambileyo, umculo umnandi uchukumisa umxhelo, umntu uvana nalo, avane nalo, yonke into imthebelele, umntu ngathi uhamba “kuhola wendlela engaphanyiswa nto”, izinto ngathi zigqibelele. Zigqibelele ke ngokwenene?

Bazalwana, isihogo asizukusuka sibe sihle ngenxa kamtyholi. Into asuka ayenze yena kukwenza indlela le iya khona esihogweni ibe ntle, ibe nomtsalane. Lumka ungatsalwa zizinto ezibubuxoki nezizezexeshana ezilapha ehlabathini. Lo mayibe ngunyaka ongazi kuliphosa ngawo nakanye isango elimxinwa lokungena ebomini obungunaphakade.

### ISIPROFETO

Ndiyaprofeta ndithi ubomi bam abusayi kulahleka endleleni. Kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga, amehlo am avulekile awabona onke amaqhinga otshaba. Akalenzanga ixesha usathana; akukho nto iza kundibhudisa! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
ULuka 13:24



**I-365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 4**  
IGenesis 7-9; UMateyu 3

**GoodNews**  
DAILY

## TSIBA UNGENE BO!

UMarko 9:38-39 (NLT)

Ke kaloku uYohane wamphendula esithi, Mfundisi, sabona umntu ekhupha idemon egameni lakho, ongasilandeliyo thina; samalela ke, ngokuba engasilandeli thina. Wathi ke uYesu, Musani ukumalela; kuba kukho namnye uya kwenza umsebenzi wamandla egameni lam, aze ahle abe nako ukuthetha kakubi ngam.

Bendiye ndibukele abantwana bam xa beshiyisana omnye esiza “kuntama” omnye. Ibingapheli imini Khawucinge ukuba inokuba kwakuba njani kubadisipile bakaYesu xa babeze kuxela “lo” wayebalinganisa. Kodwa endaweni yokuba amngxolise, uYesu wasuka wamncoma.

Ayizange ilinde laa ndoda, yathatha ngokukhupha iidemon ngeGama likaYesu! Asiyazi nokuba yayingubani na yena “lo”, elinjani lona ukukhalipha ijoni! Ekucacuba wayehlala abukele, waza wathi lakufika ithuba, walisebenzisa kwangoko, wenza le nto yayisenziwa nguYesu!

Ndithi kulo nyaka, sukulindela nantoni. TSIBA! Tshona khona! Imvuselelo iphilile kulo Nyaka weOyili engaqhelengaka.

### ISIPROFETO

Kulo nyaka, andilibazisi ndizitsibela zonke izinto azenzayo uThixo. Ndingulo “lo”, elaa joni liza kwenza imiqondiso nemimangaliso ngeGama likaYesu! Haleluya!



**FUNDA UZANDISELE**  
KwabaseKorinte I 12:3



**I-365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 5**  
IGenesis 10-12; UMateyu 4





## UMTHANDAZI ONEKHONTRAKTHI

**UZekariya 4:6 (KJV)**

Saphendula sathi kum, Nali ilizwi likaYehova kuZerubhabheli, lisithi, Akungabukrothi, akungamandla; kungoMoya wam; utsho uYehova wemikhosi.

Kuyinyaniso ekwalusizi ukuba amaKrestu acinga ukuba ubomi obu yinto engenamsebenzi, ijowukhu. Awakhathali, enza nje, xa kufikwa kwizinto zomoya. Athatha nje imizuzu emithathu ngosuku xa ethandaza, abe agqibile, ukuba phofu aye akhumbula kwakuthandaza oko. Athi mhlawumbi nangaloo mini athe athandaza ngawo aphazanyiswe zizinto ezininzi. KODwa into angayilibaliyo kukucela kuthandazelwa ngabanye.

Uyabona, iinarhumeri ezi zimana zikufikela zakuyeka mhla waqonda ukuba kubalulekile ukuzithandazela ngokwakho. Ivesi yanamhlanje abantu bakholisa ukuyikowuta ngethemba besithi uThixo uza kubenzela ezo nto basukuba bezicela. Kodwa uthi uza kukwenzela njani ungaziniki xesha lokuhlala naye? UMoya wakhe uza kuzibonakalisa njani xa imithandazo yakho yonke ufuna yenziwe ngabanye?

Yiyeke into yokuqesha abanye babe ngoonokontraki bobomi bakho. Bamba iintambo ngokwakho, uqalise ukuzinika ixesha lokuthandaza.

### ISIPROFETO

Namhlanje ndibuthathela ezandleni zam ubomi bam bomthandazo. Njengokuba ndithandaza nje ngoku, ndihamba ngegunya lolawulo elipheleleyo endinalo, ngoloyiso kunye nozuko olungapheziyo ukwanda, eGameni likaYesu.



**FUNDA UZANDISELE**  
KaYohane 5:14



**I-365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 6**  
IGenesis 13-15; UMateyu 5:1-26

## KHETHA UKWENZA NGOKOMYALELO

**KwabaseFilipi 2:8 (KJV)**

**wathi ngemo efunyenwe enjengomntu, wazithoba, waba ngolulamileyo, wada wesa ekufeni, ukufa ke kwasemngamlezweni.**

Emyezweni waseGetsemane, kwimizuzu eyayiphambi kokuba uYesu abanjwe, abethelelewe emngamlezweni, wathandaza esithi, "Bawo, ukuba uyavuma, mayidlule le ndebe kum;;mkodwa makungabi kukuthanda kwam, makube kokwakho okwenzekayo" (ULuka 22:42). Uyayibona loo nto? INkosi yethu uYesu Krestu wayengafuni kufa; yayinzima le nto kwakufuneka eyenzile kodwa wayenza! Ngoko, ukuthobela umyalelo akuyi ngokokuba uyathanda na; kuya ngokwento ayifunela wena uThixo.

Ivesi yethu isifunda ukuba ukuphakanyiswa kukaYesu kweza kuba wathobela umyalelo kwade kwasekufeni. Wathi sekulelona xesha linzima, wamthobela uThixo. Bazalwana noodade, lo mmangaliso (miracle) uwufunayo namhlanje ukweliya cala lingokuthobela uThixo. Zikhethele namhlanje ukumthobela uThixo.

### ISIPROFETO

Ndithetha ubomi bokuthobela oko akubeke phambi kwam uThixo. Ndiyazithoba ndithi uMOya kaThixo mawundikho ke kuyo yonke indlela ngeGama likaYesu!



**FUNDA UZANDISELE**  
KwabaseRoma 5:19



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU 7**  
IGenesis 16-17; UMateyu 5:27-48



## ICEBO ELIKHULU

**UYeremiya 29:11 (KJV)**

**Ngokuba ndiyazazi iingcinga endizicingayo ngani, utsho uYehova; iingcinga zoxolo, ezingezizo ezobubi; ukuba ndininike ikamva nethemba.**

Kwizahluko zokuqala ezingamashumi amane anesihlanu uYeremiya uxile ngokugwetywa kukaYuda ngenxa yongabi nakholo nangokungathobeli. Phofu, uYeremiya waziwa njengoMprofeti wezililo ngoba wayehlala ephantsi kwenhuthushiso. Kambe kuyo yonke loo nto, uThixo uthetha into entle: “Ndiyazazi iingcinga nezicwangciso zam ngani, ezilngileyo, hayi ezentshabalalo!”

Le vesi ibeka ithemba apho kukho ingxukakaxaka. Lithi ilizwe selizele bubumnyama, avele uThixo akhanyise isibane sakhe. Lubabalo nothando lukaThixo kuwe olu. Ngoko, kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga, yithi qwa uhambe ngokuzithemba usazi ukuba uThixo akagcinanga rekhodi yazimposiso zakho. Ndaweni yoko, usatsho uthi izicwangciso anazo ngawe zigqibelele!

Phila ngeli Lizwi, nokuba imini injani.

### ISIPROFETO

Akukho ntleke iza kwehla ebomini bam namhlanje. Izicwangciso zikaThixo ngam zihle, zigqibelele kwaye ndihleli apho kolo gqibelelo nocikizeko lwazo ngama likaYesu! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
KwabaseFilipi 1:6



**I-365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 8**  
IGenesis 18-19; UMateyu 6:1-15

## GoodNews DAILY

# YAKHA OMNYE UMNTU

**KwabaseTsalonika I 5:11 (KJV)**

**Kungoko ndithi, Thuthuzelekani, nakhane, kwanjengokuba nisenjenjalo.**

Abanye abant inkonzo bayithatha njengendawo yokuba bafumane khona umntu oza ubanceda ntweni ithile. Babona inkonzo njengendawo yokubadibanisa nabanye abaza kuba luncedo kubo ukuze baqhubele phambili ebomini. Abanye bazele nje ukuza kufumana uncdo, qha. Khawufane ucinge ke ukuba bekunganjani xa uMKrestu ngamnye ebenokuyithatha ngolu hlobo ibhalwe ngayo le vesi yanamhlanje, eyokuba kuhlale kungumnqweno wakhe ukunceda abanye nokufuna ukuncedwa bona. IBandla likaKrestu beliza komelela kakhulu!

Ukuba wakhe waziva unгахoyekanga, ulahliwe, ungakhathalelwanga nje, cinga ukuba nabanye basenouba beva le nto uyivayo. Ngoko ke, thatha uxanduva nawe ukhangele abakwimeko efana nale yakho. Bakhuthaze, ubomelze. Musa ukuphilela wena wedwa. Kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga, banike ingqalelo nabanye. Khawakhe umntu namhlanje ngokumbhalela umyalezo okanye umfowunele umkhuthaze, okanye uye kumbona. Bubo obo ke ubuKrestu. Kukwenza!

### ISIPROFETO

Ndiphakama ndiyintsika yokuxhasa nokwakha umntu namhlanje. Ngobabalo lukaThixo, nabani na endidibana naye uza kukhuthazwa, omelezwe, aphiwe Amandla ndim namhlanje ngeGama likaYesu! Amen.



**FUNZA UZANDISELE**  
KumaHebhere 3:13



**I-365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 9**  
ULuka 1:21-38; INdumiso 4-6



## UNGATHENJWA NA?

ULuka 16:10 (KJV)

Othembekileyo kokuncinane, uthembekile nakokkhulu; nongalungisiyo kokncinane, akalungisi nakokukhulu.

Ndikhumbula ngezaa mini zokuqala kwethu ibandla. Njengomprofeti oselula owayesazi ukuba uthunywe ntoni kwezi mini zokugqibela, ndandilangazelela ukuhambisa umyalezo wevangeli ehlabathini lonke. Umyalezo wawungxamisekile kwaye kufuneka ke ngoko ndihambe ngokukhawuleza. Nangona kwakunjalo, kwafuneka uThixo andifundise imodyuli ngemodyuli , ikhosi nekhosi nesifundo ngesifundo kwiYunivesithi yakhe.

Ivesi yanamhlanje isifundisa ngokuthembeka kokuncinane. Ngendiphi na xa ndandilulahle phaa kude ubizo lwam kuba ibandla linamalungu ambalwa? Nokuba undawoni na ebomini namhlanje, thembeka. Bonisa ukua ungathenjwa ngezinto ezincinane ukhangele ukuba uThixo akakukuphakamisa na kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga.

### ISIPROFETO

Ndithetha umoya wentembeko ebomini bam. Ndiza kugqwesa, ndenze ngocikizeko yonke into, nokuba incinci kangakanani, eGameni likaYesu. Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
KwabaseKorinte I 4:2



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**10**  
Igenesis 20-22; UMateyu 6:16-34



## ABABULALI EZITULWENI ZENKONZO!

**KaYohane I 3:15 (KJV)**

**Lowo umthiyileyo umzalwana wakhe usisibulala-mntu; niyazi ukuba akuho sibulala-mntu sinobomi obungunaphakade buhleliyo kuso.**

Andinakukuxelela ukuba kukangaphi ndidibana nabantu abathiyeneyo kodwa besecaweni enye, bephulaphula iLizwi elinye, becula iingoma ezinye ze bagoduke bengatshintshanga. Abanye ngabefemeli enye, abalwa iveki yonke kodwa baye endlwini yeNkosi benxibe ezingaywayo.

Ukuba siyithatha ngolu hlobo ibhalwe ngalo ivesi yanamhlanje, ufikelwa ngumbuzo: bangaphi ababulali abasezinkonzweni namhlanje? Abantu abanenzondo yeminyaka elishumi nangaphezulu, ngelixa besithi banobomi bukaKrestu ngaphakathi.

UYesu wawukhupha wamnye umyalelo: Thandanani. Akumangalisi ke ukwazi ukuba intiyo le akayifuni tu; ichasene ngqo kaloku nomyalelo wakhe.Ngunyaka omtsha lo. Funda ukuthanda. Qala ngoku!

### ISIPROFETO

Ndiprofeta ubomi obutsha obuntywiliselwe eluthandweni. Andizukugcina nzondo mna ngaphakathi kwakhona kulo uNyaka weOyili engaqhelekanga, eGameni likaYesu! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
KuYohane 13:34



**I-365 BIBLE CHALLENGE – USUKU**  
**11**  
IGenesis 23-24; UMarko 7





## MUSA UKULAHLA UKHOLO

**UMarko 1:11-13 (KJV)**

Kwabakho nezwi eliphuma emazulwini, lisithi, Wena unguNyana wam oyintanda, endikholisiweyo nguye.

Uthi kwaoko uMoya amkhuphele entlango. Waye esentlango apho iintsuku ezimashumi mane, ehendwa nguSathana; waye endawonye namarhamncwa; zaye izithunywa zezulu zimlungiselela.

Gaphela indlela aye wathi egqiba nje ukuqinisekiswa nguYehova wabe sele ehendwa ngayo. Yinto eyenzeka ebomini bamaKrestu le. Ukhe uqaphele ukuba ngamanye amaxesha kuye kuthi nje emva kokuba kwenzeke into entle kubekho into nje engalunganga eyenzekanga? Yindlela olusebenza ngayo leyo ke utshaba. Lufuna ukuba ulahle ukholo lwakho kuThixo.

UThixo akuthetha iLizwi lokukuqinisekisa ukuba ungusomashishini, ungumfundisi, uza kutshata, okanye ungusopolitiki, lindela umchasi ongasisihlobo okanye ifemeli yakho. NoYesu walingwa njengawe. Ayekho amarhamncwa awathi wajongana nawo njengawe KODWA WAWOYISA!!

Musa ukulahla ukholo! Sele woyisile!

### ISIPROFETO

Andisoze ndilulahle ukholo lwam nokuba unjani na lowo uchasene nam ndijongene naye. Sele ndiwoyisile onke amarhamncwa akwiintlango zakwamoya; Ndiyintshatsheli ngoKrestu! Haleluya!



#### FUNDA UZANDISELE

KwabaseKorinte I 10:13;  
UYohane 16:33



#### I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU 12

IGenesis 25-26; UMateyu 8:1-17

**GoodNews**  
DAILY

## THEMBA UMZOBI WEPLANI

**Imizekeliso 3:5 (KJV)**

**Kholosa ngoYehova ngentliziyo yakho yonke, Ungayamo okwakho ukuqonda.**

Esinye sezifundo endizithandayo esithetha ngokholo nokuthemba uThixo singoAbraham wamandulo. “Ngokholo uAbraham wathi, akubizwa, wakululamela ukuba aphume, aye kuloo ndawo abeza kyamkela ukuba ibe lilifa; waphuma ke, engazi nalapho aya khona.” (KumaHebhere 11:8).

Yiba nombono waloo mzuzu Thixo ekuxelela ukuba ushiye yonke into oyaziyo ubheke kwelinye icala, ungenaplani, ungenamaphu, ungenamali, ungenanto nje! Hayi bo, sithetha ngokuthemba uThixo kangangokuba kwamfundo onayo ingangeni ndawo, abanto obaziyo okanye ukuhlakanipha kwakho kungangeni ndawo nako. . Mna ndifuna ukukuxelela ukuba ungaze uthi “Ndiyayazi into endiyenzayo”. NguThixo oneplani epheleleyo yobomi bakho. Thembela kuye, izotywe nguye kakade kaloku!

### ISIPROFETO

Ukususela namhlanje, ndinikela kuYehova zonke izicwangciso zam, amaphupha am neminqweno yam. Ndiza kuhamba ndikhokelwa nguye kuyo yonke into yam kwaye ngenxa yakhe kuphela konke ufelisha ngomlilo eGameni likaYesu!



**FUNDA UZANDISELE**  
INdumiso 37:3-5



**I-365 BIBLE CHALLENGE – USUKU**  
**13**  
IGenesis 27-28; UMateyu 8:18-34



## IPATHENI

### KumaHebhere 8:5 (KJV)

Bona bathi bakhonze umzekelo nesithunzi sezinto zasemazulwini, kwanjengokuba uMoses wayehlathelwe nguThixo, xa abeza kuwufeza umnquba; kuba wathi, Khangela ukuba uzenze zonke izinto ngokomfuziselo owawuboniswayo entabeni.

Xa uyixilonga iBhayibhile le, uqaphela iipatheni ezithile kwiTestamente eNdala nakweNtsha. Amadoda amakhulu nomama abakhulu awayekholwa ayelandela indlela ethile yokwenza izinto kubekho iziphumo. Kanye njengokuba incwadi yamaHebhere isitsho, “bavingca imilomo yeengonyama ((KumaHebhere 11:32-33)

Isifundo sethu sanamhlanje sisityhilela ukuba uThixo usebenze ngeepatheni. Ubeke indlela emasenze ngayo izinto. Ukuba ukholo lwaluneziphumo ngamaxesha eBhayibhile, lusenazo nanamhlanje. Ukholo ngumgaqo wokwenza, yipatheni eneziphumo eziqinisekisiweyo. Xa uyilandela le patheni yokholo esiyinqinayo kumadoda akudala eLizwini likaThixo, izinto ziba lula ngendlela emangalisayo kuwe.

Landela ipatheni yokholo esele izibonakalisile; qalisa ngoku ukuzoba imini yakho entle. Yibone, kholelwa kuyo, yenze. Yiyo leyo ke le patheni sithetha ngayo.

### ISIPROFETO

Ndihlengahlengisa ubomi bam ukuze bugqibelele ngendlela engazange yabonwa. Ndiyakholwa ukuba andiswelanga nto, andiguli, yaye impumelelo neprosperithi zizabelo zam kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga ngeGama likaYesu! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
KwabaseRoma 15:4



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**14**  
IGenesis 29-30; UMateyu 9:1-17



**INTSHUMAYELI 10:8 (KJV)**

**Omba isingqgi, angeyela kuso, ochitha uthango, inyoka ingamluma.**

Apha eminyakeni ndibuzwe kakhulu ukuba iziqalekiso, imilingo namakhubalo ayakwazi na ukumchaphazela umKrestu. Impendulo yam inye: wakuzalwa ngokutsha, ufumana ilifa leentsikelelo, hayi iintshwabulo. Akukho MKrestu uzelwe ngokutsha ufanele ukuphila phantsi kweentshwabulo; yimpazamo leyo. Ukuba uhlala eLizwini, uphile ngemithethi kaThixo, ukhuselekile kaloku kumaqhinga otshaba.

Kutheni ke ngoko amanye amaKrestu entyumpantyumpeka kwiziqalekiso nje? Isitshixo sikule vesi yanamhlanje: ukuhlala ungekho seLizwini kuvulela iinyoka ikroba. Achithe uthango, ngaloo ndlela anika iinyoka indlela elula yokufikelela kuwo. Incwadi yeMizekeliso (26:2) ithi, "...Kunjalo ukutshabhisa ngaphandle kwesizathu; akuyi kuphumelela ntweni." Oku kuthetha ukuthi, ifike ngesizathu.

Hlala eLizwini kulo nyaka. Ioyili engaqhelekanga iza kuzehlala ukuba uthango luqinile.

### **ISIPROFETO**

Nokuba yiyiphi imilingo okanye iintshwabulo neziqalekiso eziwisiweyo phezu kosapho lwamezithethiweyo ndiyaziqhawula ngoku ngeGama likaYesu! Ndikhethe ukuzintywilisela eLizwini likaThixo ukususela namhlanje. Uthango lwam luzinzile! Haleluja!



**FUNDA UZANDISELE**

Imizekeliso 22:8



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**

**15**

IGenesis 31-32; UMateyu 9:18-38

LWESIHLANU,  
JANYUWARI 16.

**GoodNews**  
DAILY

## ISANDA, INDAWO YOKUBHULA

**UMateyu 3:12**

Omnyazi wokwela usesandleni sakhe; uya kusicokisa kuthi tu isanda sakhe, ayibuthele kuvimba ingqolowa yakhe, kodwa wona umququ uya kuwutshisa ngomlilo ongacimekiyo.

Xa uhamba phaya esupamakethi kweli cala kubhakwa kulo, awukwzi nje ungalinaki ivumba elimnandi lesonka esigqitywa kubhakwa kunye nazo zonke ezinye iindidi ezibekiweyo. Kodwa phambi kokuba kuphume yonke loo nto intle kukho inkqubo (iprosesi) elandelwayo ebalulekileyo: ukubhula, ukwela ingqolowa, kusahlulwa ingqolowa nomququ ukuze kuzokushiyeke lo mgubo uza kusetyenziswa.

Ivesi yethu namhlanje isalathisa kwisanda somoya, apho kuhlanjululwa khona. Kulapho kuqhutywa khona utyando, apho kuchithwa khona ubuhlobo obungalunganga, apho kugxothwa khona iziyobisi, kuhlanjwa khona iingqondo ezityhefekileyo. Esandeni kubhula wena noThixo kuphela, lixesha lonyaka ekutshintshwa ngalo izinto nalapho uzinikela khona ngokutsha kuzo zonke izinto zoBukumkani bakhe.

Kufike ixesha leenguqu ngoku kuwe. Ngena apho kubhulelwa khona, esandeni sikaThixo, ioyili engaqhelekanga izokuzehlela kuwe ngoku, wenze izimanga!

### ISIPROFETO

Apho kubhulwa khona, ndikhululela uMoya kaThixo ukuba ususe yonke into engangqinelaniyo neLizwi likaThixo ebomini bam. Sonke isimnyama masimke ngoku kum ngeGama likaYesu! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
KuTito 2:14



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU 16**  
ULuka 1:39-56; IiNdumiso 7-9



**GoodNews**  
DAILY

## DANDULUKA

**UMarko 10:48 (KJV)**

Baye abaninzi bemkhalimela ukuba athi tu; kwaba kokukhona ke wadandulukayo ngakumbi, esithi, Nyana kaDavide, ndenzele inceba.

Ndiyathanda ukuthi, “AmaKrestu athuleyo afa ethule.” Ibali lemfama likubonisa kakuhle oku. Amalungu ecawa athi makathule kodwa wasuka wamemeza, ekhwaza nangakumbi.

Namhlanje, sinamaKrestu abuthathaka aphumayo ecaweni ngenxa yokuba eyeke ajongwa rongo ngomnye. Abantu abaninzi bafuna ummangaliso (miracle) ebomini, kodwa bambalwa abafuna ukuyilandelela loo nto ayifunayo kuba besoyika ukuba baza kuthini abanye. Abakwazi nokukhwaza bathi “Amen” ngoba bakholelwa ukuba iza kubajongisa ngabantu loo nto.

Le ndoda iyimfama yona, kambe, azange ikhathale ukuba baza kuthini abantu ecaweni, yayijonge kuYesu kuphela. Nangoku ke wakuzuzwa ukuphiliswa nguYesu, waza wathi ngokudanduluka kwakhe, ekhwaza, wakhululeka!

Danduluka umemeze indlela yakho, ungene kugcobo olukhethekileyo, mntundini!

### ISIPROFETO

Ndiyamemeza, ndikhwaza indlela yam eya ekukhuleni ngokwasemoyeni, impilo kum, kwiiakhawunti zam zebhanki, umtshato omnandi, impumelelo engazange khe ibonwe ngeGama likaYesu! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**

UYoshuwa 6:20



**I-365 BIBLE CHALLENGE – DAY 17**

IGenesis 33-35; UMateyu 10:1-16



## BULELA

ULuka 17:17-18 (KJV)

Waphendula ke uYesu wathi, Babengahlanjululwanga belishumi na? Baphi na ke abasithoba? Akufumanekanga na babuyileyo, besiza kumzukisa uThixo, ngulo wolunye uhlanga yedwa na?

Naphi na apho sihlanganisene khona, ingayimvuselelo okanye inkonzo yangeCawa, sihlala sijonge umntu oza kuba nobungqina bokuqala. Ubungqina bomqondiso wokuqala buvulela eminye. Ungamangaliswa bubuninzi babantu abafuna ukuncedwa nguThixo kodwa bambalwa abeza kunika ubungqina. Akhona amaxesha abaye bathi abantu bakube befumene imiqondiso, banyamalala bengazanga kumzukisa uThixo. Imbi ke loo nto. Kule vesi ingentla uyayibona indlela eyayimhlupha ngayo uYesu loo nto?

Bazalwana, ukungabi nambulelo ngumqondiso wokuba uzibona ungaphezulu kunoThixo. Umbulelo luphawu lwentobeko kwaye uligcina phaa kude ikratshi. Namhlanje ukubulela kuThixo makube yinto ozixelela ukuba uza kuhlala uyenza. Ungalibali ukubulela nakubantu abakuncede ukuba ube yile nto uyiyi.

### ISIPROFETO

Ndima ezincochoyini zeentaba ndikhwaze, ndibulela uThixo ngobomi bam. Ukungabi nambulelo akunanto yakwenza nam kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga; ndiza kuwukhwaza umbulelo wamngeGama likaYesu!



**FUNDA UZANDISELE**  
INdumiso 145:7



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**18**  
IGenesis 36-38; UMateyu 10:17-42





**UMateyu 6:34 (KJV)**

**Ngoko musani ukuxhalela ingomso; kuba ingomso liya kuxhalela okwalo. Buyanele imini leyo obayo ububi.**

Amanye amaKrestu ixhala aye alipakishe ngenye indlela ukuze angabonakali ngathi axhalabile, uweve esithi, "Andinakhathazwa nto, ndinexhala nje qha." Noba ungalifakela ileyibheli enjani, liselilo ixhala, iwari. KuLuka 10:41, uYesu waphendula wathi, "Marta, Marta, uxhaliswa uphithizeliswa zizinto ezininzi." Ufana noMarta nawe? Unyaka uwuqale kakuhle uthakazela de waqalisa ukuzihlupha ngemali yabantwana yesikolo, ngerente, ngamatyala, ngezihlobo, njalonjalo. Iwari le yakhe yanceda bani na? Amanye amaKristu aphinda ayenze ixhala ukuze angabonakali ngathi axhalabile, ethetha izinto ezinje, "Andixhalabanga, ndinoloyiko nje." Ewe, kungakhathaliseki ukuba ibhalwe njani na, isexhalabile.

Iwari ibangwa kukujonga emthonjeni orongo. Ukuba uThixo, uBawo wethu, libhongo kuye ukudlisa iintaka nokwambathisa iintyatyambo, inokuba wena uxabiseke kangakanani kuye? Ukususela namhlanje, thatha isigqibo sokuba akusobe uphinde uphile ngewari kwakhona. Jonga kuThixo, umthombo wakho ongatshiyo. Lo ngunyaka omtsha kraca onogcobo olwahlukileyo; luza kukusebenzela kuphela ukuba uyeka ukuxhala. Khulula konke, uyekele kuThixo!

### **ISIPROFETO**

Andizukuchitha xesha ndiziwarisha ngezinto, ngoku, nanini, ngeGama likaYesu! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**

Ulsaya 41:10



**I-365 BIBLE CHALLENGE – USUKU**

**19**

IGenesis 39-40; UMateyu 11



## MKHUPHE ENGQONDWENI YAKHO

**Ulsaya 43:18 (NIV)**

**Musani ukukhumbula izinto zangaphambili, ningazikhathaleli nezamandulo.**

Elinye lamaqhinga kasathana kkutyala iingcinga engqondweni yakho. Uya kukuxelela indlela ongalunganga ngayo, soze ube nto, ayiphindaphnde ke le nto de ukholelwe kubuxoki nobuxokiabuthethayo.

Ngokuya axelela uEfa ukuba uya kufana noThixo ukuba utye emthini, yayingezongcinga zikaEfa ezo, yinto eyayihuma kusathana buqu! Khumbula ukuba wakha wathi, "Ndiya kunyuka ... ndizifanise nOsenyangweni"? NakuEfa ke wayehlola loo ngcinga injalo!

Ziqaphele iindlela zikamtyholi. Uya kukuhlola iingcinga zeenkanuko zomzimba, zokuzibulala nezokunyoluka, ukuze uthi ke ukuba akugqalanga, ulele ngengqondo, uzenze ezo zinto. Wakuzenza, uya kwenza nantoni na, kangangoko anako ukukubamba akugcine apho. Musa ukumnika kwa-ukumnika ithuba lokuhlala engqondweni yakho engahlawuli nerente. Mkhuphe engqondweni yakho! Makemke!

### ISIPROFETO

Ndizikhwebula kuzo zonke ingcinga ezimbi, ezimdaka ezingaphumi kuYehova. Siwaqhawula esatutsalaza nje eqala amacebo okundiwisa. Mawabhange ngeGama likaYesu! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**

KwabaseKorinte II 10:5



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**

**20**

IGenesis 41-42; UMateyu 12:1-21

LWESITHATHU,  
JANYUWARI 21

**GoodNews**  
DAILY

## ISIFUNDO NGENXILA

Izenzo 2:4 (KJV)

Bazaliswa bonke nguMoya oyiNgcwele, baqala ukuthetha ngalwimi zimbi, njengoko uMoya wayebanika ukuba bathethe baphimisele.

Wawukhe wambona umntu oshushayo ukuba uba njani xa eshushu? Angazijula nje nasendulini yenkunkuma azilalele kamnandi ecinga ukuba yibhedi okanye aqhube umntu nge-wheelchair kodwa esithi makazibalekele. Nangona singabukhuthazi nje ubunxila, kukho Sifundo sinokusifumana apha.

Incwadi yabase-Efese 5:18 ithi, ) says, “.Kanjalo musani ukunxila yiwayini, ekukhoyo kuloo nto ukuzibhubhisa; manizaliswe nguMoya...” Sikhona isizathu sokuba esi sibhalo sinike olu thelekiso. Umntu oshushayo akaboni njengabanye. Akakwazi kuzilawula; ulawulwa butywala. Ngokufanayo ke, xa ugcwele nguMoya, uba uphantsi kweempembelelo zakhe. Uyazinikezela kuye, yena kukhokele. Izinto uqalisa ukuzibona ngokwahlukileyo, naxa uthetha uve ukuba unamandla, utsho kunjalonje bize nezinto ngamagama kwenzeke imimangaliso. Namhlanje, thatha isigqibo sokuba mini nganye kulo nyaka uhlale ugcwele nguMoya oyiNgcwele.

### ISIPROFETO

Njengogcweleyo nguMoya oyiNgcwele, u-2026 njengokuba ndimjongile ndibonazibona ndihamba mthebelele, kungekho magingxigxigi, ndidada nje kwimiqondiso eyintabalala, ngeGama likaYesu! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
Kwabase-Efese 3:19



**I-365 BIBLE CHALLENGE – USUKU 21**  
IGenesis 43-45; UMateyu 12:22-50



## BEKA ABAZALI BAKHO

**Kwabase-Efese 6:1-2 (AKJV)**

Nina bantwana, baveni abazali benu ngokwabaseNkosini; kuba oko bubulungisa. Beka uyihlo nonyoko; wona lowo ngumthetho wokuqala onedinga; ukuze kulunge kuwe, ube nexesha elide emhlabeni.

Umyalelo onikwa liLizwi likaThixo ngobudlelane phakathi kwabantwana nabazali babo ucacile. Ndifuna uqaphele ukuba uvesi 1 novesi 2 bathetha ngeendidi ezimbini zabazali. Ezi vesi aziziphindaphindi koko kukho isifundo apha kuzo. Ivesi yokuqala ithetha ngokubeka abazali ngokwenkonzo, aba abanyulele wena uThixo, ze ivesi yesibini ithethe ngabazali abakuzele ngokwasenyameni.

Ukungabahloneli abazali bakho, ngokwaseNkosini nangokwaba bakuzalayo, kuyabuchaphazela ubomi bakho. Impumelelo ingakhona, kodwa iza kumana ifika iphinde imke, kube ngamahla-ndinyuka, ulahlekelwe, ungabi naluzinzo. Ukubeka abazali bakho ngumyalelo ongcwele onesithembeiso esingcwele sobomi obumnandi! Beka abazali bakho namhlanje oku!

### ISIPROFETO

Ukususela namhlanje, ndiza kwenza konke endinako ukubonisa imbeko nentlonelo kubazali bam ngokwasemoyeni, nabazali bam begazi. Iintsikelelo zabo phezu kwam zibubeka endleleni elungileyo ubomi kwaye ndinempumelelo entweni yonke ngeGama likaYesu! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
Imizekeliso 6:20



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**22**  
IGenesis 46-48; UMateyu 13:1-30

## UBOMI BAM OBUMANGALISAYO

UYohane 21:25 (KJV)

Kukho ke nezinye izinto ezininzi awazenzayo uYesu; ezingathi zither zabhalwa ngazinye, ndithi nehlabathi eli aligezibambi iincwadi ezo zingabhalwayo. Amen.

Ubomi bukaYesu yayibubomi obabungaqhelekanga, obabuphawulwe yimiqondiso yamandla angaphezu kwendalo kunye nemimangaliso eyayingazange yabonwa ngaphambili. Khawufane ucinge ukubona umntu etyisa abantu abangamawaka amahlanu ngeentlanzi ezimbini neelofu ezintlanu zezonka kuphela, okanye ukwenza ibhola yeliso ngamathe nomhlaba. Hlobo luni lwentambiso le wayenayo? Yile ilapha kuwe kanye ngoku sithethayo!

Injongo yale mimangaliso irekhodwe eBhayibhileni kukukhuthaza wena ukuba uyisebenzise le ntambiso yeoyili engaqhelekanga unayo. Ayikho into ongenakuze ukwazi ukuyenza. Lowo Mkhulu ulapha kuwe. Busebenzise namhlanje obu bomi bumangalisayo unabo!

### ISIPROFETO

Ngentambiso yeoyili engaqhelekanga endinayo, ndiza kunika ubungqina bamandla eNkosi ebomini bam de ndingakwazi ukumelana naloo mimangaliso ngenxa yobuninzi bayo ebomini bam. Abukho ubomi obumnandi njengobam emhlabeni!



**FUNDA UZANDISELE**  
UYohane 20:30-31



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**23**  
ULuka 1:57-80; IiNdumiso 10-12



## ISITHUNZI SAM SINAMANDLA

Izenzo 5:15 (KJV)

Bada bayithwalela phandle imilwelwe ezitratweni, bayibeka ezingqengqelweni nasezinkukweni, ukuze kuthi, akubon' ukuba uPetros uyeza, kubekho kuyo ethi isityekelwe sisithunzi sakhe.

Ndibavile abantu besithi, “Imimangaliso ayisenzeki; yayiyeyamaxesha aseBhayibhileni kuphela.” Bubuvuvu obo. Incwadi yamaHebhere isixelela ukuba uThixo ibunguye izolo, nguye namhlanje, nguye naphakade! Ukuba uyenzile eBhayibhileni, uyayenza nanamhlanje!

Khawujonge le vesi yanamhlanje. Ayisoze ke ibe nentsingniselo emntwini ongamaziyo uThixo. Isithunzi esikwazi ukuphilisa umntu? Ukanti ke, sikubonile oku amaxesha amaninzi angenakubaleka enkonzweni yethu, abantu abanezifo zonke besithi bakugqitha esithunzini sam, ubungqina buze bubhabha ngobuninzi. Yintoni ke leyo? Yintambiso. Lubabalo yaye lo ngunyaka walo!

Kulo nyaka, nesithunzi esi sakho siza kwenza imisebenzi emihle, ezibukwayo! Ilula loo nto; udalwe njalo nje kakade!

### ISIPROFETO

Ndifufa amandla angummangaliso. Ukuphuma kwam nje kwam namhlanje, ngumna nje, yonke into iza kuhamba ngokuthe ngqo ngeGama likaYesu! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
ULuka 8:43-48



**I-365 BIBLE CHALLENGE – USUKU**  
**24**  
IGenesis 49-50; UMateyu 13:31-58



**ULuka 1:37 (KJV)**

**ngokuba akukho nanye eya kumnqabela yena uThixo.**

Le vesi siyayicula, siyayikowuta, siyiprinta ezikipeni, senza iplakhadi siyithungele sihombise ngayo emakhayeni ethu kodwa phofu ingaba siyayikholwa kakuhle?

Inye into eyonakalise iingqondo zamaKrestu, kukhulela elizweni eliye lafundisa abantu ukuba ubomi obu indalo yabo bunemida. Ukuqala kwabo isikolo abantwana babekwa ngokwamanqanaba awahlula “abakrelekrele” kwabanye, lwaza uninzi lwakhula lukholelwa ekubeni alunakufikelela kwibakala elithile ngoba alhlakaniphanga. Nomsebenzi bathi bakuwufumana babekwe ngokwezintlu ezithile, babekelwe imida ethi oku bangakwenza, oku abanakukwenza.

Le ngqondo ke amaKrestu aya nayo ecaweni. Afika nengqondo esele iqhelene nemida, aze ayigqithisele kuThixo loo mida. Akufumanisa kunzima kakhulu ukwamkela uThixo okwazi ukwenza imimangaliso engathethekiyo. UThixo akanqatyelwa nto. Wethu, guqula ingqondo yakho yanamhlanje wazi ukuba akukho nto angakwazi kuyenza uThixo.

### **ISIPROFETO**

Akukho nto inzima kuThixo. Zonke izicelo zam ziza kufezeka kule nkonzo yanamhlanje ngeGama likaYesu! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
UYeremiya 32:17



**I-365 BIBLE CHALLENGE – USUKU**  
**25**  
IEksodus 1-3; UMateyu 14:1-21





### Isityhilelo 19:15 (WEB)

Emlonyeni wakhe kuphuma ikrele elibukhali, ukuze azithi qwaka ngalo iintlanga. Yena uya kuzalusa ngentonga yentsimbi; yena unyathela isixovulelo sewayini yomsindo neyengqumbo kaThixo uSomandla.

Uloyiso kuthethwa ngalo lungekabonakali. Umlomo wakho lisango eliphuma ngalo ilrele. NgesiGrike umlomo kuthiwa stoma xa ubizwa, kuthethwa ubukhali bekrele. Umlomo wakho sisixhobo; ungagawula inkitha. Amazwi akho uThixo uwanike amandla agqitha nesona sixhobo sibukhali sisetyenziswa ngugqirha wotyando.

Xa uthandaza uthetha izinto, vula amehlo omoya ubone. Zibone uyinqunqa ibe ziipisi laa ngxaki ikuhluphayo. Yenza utyando ukhuphe elo qhuma lililifa emzimbeni wakho, lixelele ukuba uyalicudisa okanye uyalinqunqa ngoku ngeGama likaYesu! Nokuba singakanani na isihlewele esijamelene nawe, amatyala ontumpantyumpeka kuwo, isifo, imiqobo, iidemoni; sebenzisa amagama athe ngqo, anokholo ugawule utshaba lube ngamasuntswana! Thetha ungajiki kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga, ugawule, unqunqe de woyise.

### ISIPROFETO

Sobe ndibaleke; umlomo wam sisixhobo endisukela ngaso utshaba lwam. Amazwi am, agcwele uMoya oyiNgcwele, othula izakhiwo zikasathana ezindijikelezileyo. Ndithetha ngomlomo imiqobo iwe phantsi, eGameni likaYesu!



**FUNDA UZANDISELE**  
KumaHebhere 4:12



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**26**  
IEksodus 4-6; UMateyu 14:22-36



## UKUDLA OKUDLAYO NOKWAHLULA NGOKOMOYA

Ulsaya 7:15 (NKJV)

Uya kudla amasi nobusi, ade akwazi ukulahla okubi, anyule okulungileyo,

Ubusazi ukuba ukutya okutyayo kwenza ukuba uqike ngendlela ethile? Ulsaya uprofeta ngokutya kukaYesu, “amasi nobusi”, eqeqeshelwa ukukwazi ukubona ngomoya: “ade akwazi (‘yada’: ukwazi into ngokuyenza/ ngokwamava) ukulahla okubi, anyule okulungileyo.” ILizwi lithi, “Uyile nto uyityayo.” NgokwaseBhayibhileni, ngokutya oko ukutyayo, uzuza ukwazi. Loo nto uyitya qho, ezifundweni ezingcwele, iingcebiso ozifumanayo, iindaba oziphulaphulayo kwimidiya, imikhwa oyilandelayo, ezo zinto zonke zikulola ube bukhali okanye zikwenza buthuntu ngokomoyaUkutya kubumba nemizimba le yethu. Ngokwakwamoya, ukuzondla ngeLizwi likaThixo kuyakutyhuna, ube nethuku ukwazi ukuva ngomoya uzokwazi ukugxotha imimoya emdaka, ze ukukhetha okulungileyo kube yinto ezenzekelayo kuwe.

Yiqwalasele into oyifaka ngaphakathi. Umoya wakho mawugcwale “amasi nobusi” imini yonke: iLizwi likaThixo, ukubonga iNkosi, amazwi anobulumko. Izinto eziza kugcwalisa ingqondo yakho ngenkungu sukuzithatha. Phambi kokuba uthathe izigqibo, “khawungcamle” phaya ezibhalweni ezingcwele, camngca ngeLizwi, ume ngalo. Imenyu oza kuyitya mayibe iyasakha isimilo sakho, mayiqeqeshe ingqiqo yakho.

### ISIPROFETO

Ndizondla ngeLizwi kwaye iimvakalelo zam zithe qwa, ziqeqeshekhile. Ndiyakwazi ukulahla ububi ndikhethe okulungileyo. Izinto endithanda ukuzitya zilungelene neZulu; izinto ndizibona ngokucacileyo, ndibukhali, kwaye amanyathelo endiwathathayo athe ngqo, ngeGama likaYesu. Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
KumaHebhere 5:14



**I-365 BIBLE CHALLENGE – USUKU**  
**27**  
IEksodus 7-8; UMateyu 15:1-20



## UKUZIKHUSELA KWINTLEBENDWANE

Imizekeliso 18:8

Amazwi entlebi yimithamo emnandi; Yona ihla iye ezingontsini zombilini. (Ukuphulahlala intle bendwane kufana nokutya iiswitisi ezitshiphu; ufuna ukuba kungene loo nkunkuma esiswini sakho wena? (MSG)

Intle bendwane itheza amandla! UThixo akanamntu amthambisela ukuba ayeke ukuhleba. Uxelela iBandla ukuba maliyiphelise. Abahlebi bagqiba intembano phakathi kwabantu, baphazamisa iingqondo zabantu, bachithachithe into ayakhayo uThixo Amagama zizixhobo.

Kwimilomo engalunganga afika abe yirhuluwa eyingozi! Musa ukuvuma ukuba lijelo lokusasaza "iiswitisi ezitshiphu." Ukuba umntu uphikelele ukukondla ngeendaba, akasosihlobo lowo; uxakekile ehleli nje utsalana neendlebe zakho.

Yiyo le indlela yokugada umoya wakho kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga: Buya umva (Retreat): Zibuyise emntwini ophindaphindayo ukwenza into erongo. Ukusondelelana naye kuthetha ukuba uyamkhuthaza.

Mjike (Redirect): "Masibathandazele" Ukuba ibali elo alizi kuwunyamezela umthandazo, mawungalibaliselwa.

Yala (Refuse): "Audingomntu mawuyixoxe naye le ndaba." Vala ucango kakuhle nje wena.

Beka enye endaweni yolwimi (Replace): Umlomo wakho wugcwalise ngomthandazo, ngezibhalo nangezisombululo. Yakha oko umtyholi azama ukukuchitha.

### ISIPROFETO

Ndiyazikhwebula kwabathetha ulwimi nentle bendwane, nabayisasazayo. Iindlebe zam zilisango lenyaniso, umlomo wam uyakha, uyaphilisa, uyasikelela. Ndithetha ubomi, ndicima impixano, ndikhusela ubunye endlwini kaThixo, eGmaneni likaYesu!



**FUNDA UZANDISELE**

KwabaseRoma 16:17-18



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**

**28**

IEksodus 9-11: UMateyu 15:21-39



## ZALISA AMAFU AKHO

**INTshumayeli 11:3 (KJV)**

**Ukuba amafu athe azala yimvula, ayivuthululela emhlabeni; ukuba umthi uthe wabheka entla, kuloo ndawo uwe kuyo umthi lowo, wolala khona.**

UnguMKrestu, ungatshintsha nantoni na ngomthandazo wakho, ugqobhozele nakuwaphi na amasango omoya ngomthandazo, ubambe iindawo eziqonqwa nezibutha kuzo iidemon ngomthandazo, izizwe uzilawule ngomthandazo wakho. Ngaloo mazwi uza kube uwathetha, uzalisa amafu ngento yonke onokuba uyingqwenela.

Akukhathaliseki nokuba sibi kangakanani na isimo sezoqoqosho; ukuba amafu akho azele yimvula, akakwazi kuthini ngaphandle kokuba anise ivula yeprosperithi! Lo ngunyaka wakho wokuba uthethe amazwi anyanzelisa inguqu empilweni yakho, emsebenzini wakho, emtshatweni wakho, esixekweni sakho nakuyo nayiphi na indawo ekuchaphazelayo. Thetha amagama emoyeni, ubukele amafu ehlanganisa imvula. De ibe iqalile ukuna mzalwana wam, dade waseNkosini. sukuyeka ukuwathetha loo mazwi. Memeza ungayeki ukuwathetha kuba qinisekileyo uza kubona ukwanda nokuchuma!

### ISIPROFETO

Amazwi am anamandla. Ndisathetha nje kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga, kuphokoka imimangaliso, imiqondiso nezimanga zikaThixo phezu kosapho lwam nakwisizwe sakowethu. Lufikile utshintsho ngenxa yemithandazo yam. Haleluya!



**FUNDA UZANDISELE**  
Ulsaya 45:8



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**29**  
IEksodus 12-13; UMateyu 16

LWESIHLANU,  
JANYUWARI 30

**GoodNews**  
DAILY

## AMANDLA!

**ULuka 9:1 (KJV)**

**Ke kaloku, ebaizele ndawonye abafundi bakhe abalishumi elinababini, wabanika amandla negunya kuzo zonke iidemon, nokuphilisa izifo.**

Wonke umKrestu ukhe wanawo umthandazo wokucela amandla nokuba kunini apha ebomini bakhe. Ingaba ke kodwa wawukhe wazibuza ukuba mandla mani, Anjani la akuKrestu ngokwenene? Mandikunike inkcazelo: amandla kukukwazi ukuguqula izinto, ukwenza utshintsho. Luhlobo olu oluthi lungamandla nje luvelise amanye amandla, amandla abonakala ngeziphumo ezibonakalayo.

UYesu wasixelela ukuba usinike amandla negunya phezu kwazo zonke iidemon kwa-nokuphilisa abanezifo. Ndingwenela ukuba ukubambe ke oku! Ukuba ubusazi, uqonda ukuba amandla angcwele okwenza utshintsho kwiimeko zokuphila kwakho akhona emoyeni wakho, ubungasoze ucinezelwe, nto nglo hlobo ukulo ngoku.

La mandla aguqula izinto alapha kuwe ngalo mzuzu. Ukuba uzelwe ngokutsha, unawo. Kholwa nje qha, uwasebenzise namhlanje!

### ISIPROFETO

Mayivuke yonke into efileyo ebomini bam! Nayiphi into ebingasebenzi, qalisa usebenze ngoku, ngamandla endinawo eGameni likaYesu! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
UYohane 14:12



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**30**  
ULuka 2:1-26; INdumiso 13-15



**GoodNews**  
DAILY

## UYI-ATMOSFIYE, UHAMBAB NOMOYA

ULuka 10:5 (KJV)

Nendlu enisukube ningene kuyo, yithini kuqala, Uxolo malube kule ndlu.

Umntwana kaThixo ngamnye uhamba nomoya. Ivesi yanamhlanje iyakungqina oku. UThixo akanakuze athi kuwe hambisa uxolo ukuba ubungenaso isakhono sokwenza inguqu endaweni. Wakufika endaweni uthethe uxolo, kuqalisa uxolo kwangoko. Apho bekukho isiphithiphithi okanye iingxaki ezinzulu, ngokungena kwakho nje endaweni kubakho inzolo.

Uxolo olu ngamandla phezu kweemeko neziganeko ezimbi. Wakuwafaka entliziyweni la mandla, ungazolisa nezona nkqwithelo zinamandla. Bakukubona abantu, beneengxaki ezibatsalisa nzima, uthi wakuvela, umoya ohamba nawo ubonakale, kubakho iimivuyo nolonwabo kwangoko kuloo ndawo. Umoya wलयiso uyaphephezela, lonke ithemba libuyile! Uhamba ungqingwe ngumoya kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga. Wasebenzise ngokupheleleyo onawo!

### ISIPROFETO

Ndithetha uxolo kuyo yonke indawo endinyathela kuyo namhlanje, ukuqalela ekhayeni lam. Ndingumoya, apho ndiya khona, ndiza neendaba ezilungileyo. Haleluya! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**

KwabaseTsalonika II 3:16



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**

**31**

IEksodus 14-15; UMateyu 17

**GoodNews**  
DAILY

## UYAPHA INDALO LE YAKHE

**KwabaseKorinte II 9:8 (NLT)**

**Unako ke uThixo ukuphuphumisela kuni ubabalo lonke, ukuze nithi, nhlala ninako nje ukwanela konke ngeendawo zonke, niphuphumele emsebenzini wonke olungileyo;**

Ndihlala ndisithi, ukuba akuphumi kwikhaya lezityebi, isityebi masiqale ngawe lo. Kambe umbuzo umi, uthi, njani? Kuso yonke incwadi yezibhalo ezingcwele, into echukumisa inqanaba eliphezulu leentsikelelo ezivela kuThixo ngumnikelo! Ilula nje le nto xa uyiva, umnikelo wakho uyamchukumisa uThixo aze aziphiokoze nangakumbi iintsikelelo ebomini bakho, ngoba kakade akunakuze ugqithe uThixo ngokunikela!

Impazamo abathi bayenze abaninzi kuaMaKrestu kukuba umnikelo wabo abawukhaphi ngomthandazo, ngenzila, behleli ebudlelwaneni noThixo. Khumbula, kaloku ugqithiselana nekumkani yezikumkani kwaye kungummiselo wasebukhosini ukuba izikumkani zasemhlabeni zishiyisane ngokunikela, iyileyo ikumkani ifuna ukwenza kangangoko ukugqitha enye ebikhe yayipha isipho!

Themba uThixo ngezimali zakho ngokuthi unikele kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga, uze ukhangele indlela engenambaliso aza kukusikelela ngayo uThixo!

### ISIPROFETO

Ukususela namhlanje ndiza kunikela ngamandla! Andizokuzibandeza apha ekunikeleni. Ngoko, ubomi bam buza kuhlala buqhubela phambili, busanda, eGameni likaYesu! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
KwabaseRoma 8:32



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**32**  
IEksodus 16-18; UMateyu 18:1-20





**Izenzo 5:14 (NLT)**

**Kwaba kukhona bekongezwayo abakholwayo kwiNkosi, into eninzi yamadoda neyabafazi;**

Imvuselelo yinto eyenzeka apha kuwe. Ithetha ukuba umlilo wakho ngaphakathi uwuphemba ngokwakho ngenxa kaYesu. Awukwazi ukuthi uvuselelekile ziphinde izinto zihlale zifana. Xa uvuselelekile ukumthanda kwakho uYehova kubheka phezulu kwangoko; uyaphila emoyeni, uyakukhuthalela ukufunda iLizwi, imithandazo yakho iya kuba namandla amatsha, kwaye awukuthi ukuzila kokweenkokeli zebandla kuphela.

Imvuselelo ifuna umntu olambeke izinto zikaThixo. Umntu obanjwe yimvuselelo ulungele ukusetyenziswa yiNkosi, akayekeli, anikezele kuba elungiselela ubomi bakhe. Ufana nabaa bafanyana bathathu bamaHebhere bangazange bavume ukuqubuda kwisithixo sikaNebhukadnetsare. Bade baphoswa ezikweni lomlilo, kodwa uThixo wabanyula, wabasindisa apho, baphuma bengarhawukanga nakancinci. Wakuphakama usithi umela uThixo, uThixo uyaphakama, akumele. Hlala unaloo ngqondo ke apha kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga.

**ISIPROFETO**

Ndibiziwe nguBawo, ndingumsebenzi, akukho nto ilihlazo apho. Ndiza kuzithetha iindaba ezilungileyo zeLizwi likaThixo naphi na apho ndikhoyo, ndingoyiki, ngoba nguKumkani wooKumkani ondithumileyo Haleluya!



**FUNDA UZANDISELE**

Izenzo 19:18



**I-365 BIBLE CHALLENGE – USUKU  
33**

IEksodus 19-21; UMateyu 18:21-35



## AMAVA ENTLANGO

**UMateyu 4:1 (KJV)**

**Waza uYesu wenyuswa nguMoya, wasiwa entlango, ukuba ahendwe nguMtyholi.**

ITestamente eNtsha isityhilela intando kaBawo malunga npboi bethu. UYesu ungumzekelo omhle oqaqambileyo wontu ohamba ngentando kaThixo kodwa akazange asinde ekuhendweni ngusathana

Usenokuba uhaba ngqo kwintando kaThixo kodwa izilingo zibe khona. UYesu nguThixo oweza esenyameni, kwakuyimfuneko ukuba alingwe ukuza mna nawe sazi ukuba xa uhamba emhlabeni ayafika amaxesha okulingwa athi akutyhalelele entlango. Intlango yindawo eyomileyo, eyinkqantosi, eshushu kakhulu, nemi yodwa, kodwa musa nakanye ukucinga ukuba akwenzi ngokwentando yakhe ngenxa yokuba izinto zinzima.

Kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga, le itshabalalisa abanye ayizi kukwenza nto wena xa uhlala uzayamanise nentando kaThixo, ngeGama likaYesu.

### ISIPROFETO

Ndiza kuphuma noloyiso nokuba ndicanda kuyiphi intlango. Akukho nto iza kundenza nto kuba ndiyazi ukuba ndihamba kwintando kaThixo! Haleluya!



**FUNDA UZANDISELE**  
ULuka 4:1



**I-365 BIBLE CHALLENGE -USUKU**  
**34**  
IEksodus 22-24; UMateyu 19



## MUSA UKULIBALA UKUZILA

### UMateyu 4:2 (ESV)

Uthe akuba ezile ukudla iimini ezimashumi mane, ekupheleni kwazo walamba.

Abantu abawuxabise kakhulu umthandazo nabazipehthe kakuhle ngabantu abangathethi kakhulu. Aba bathetha kakhulu bafuna ukubonwa okanye ukuviwa kwaye abavami kuba ngabantu abathandaza kakhulu. Kwakube kuthethwe isiprofeto phezu kwakho, kodwa akude kubonakale nto yenzekayo, ngena enzileni, yenze isixhobo sakho esilandelayo.

Ukuzila ukutya kunceda ukuba obekuprofetwe ngawe kuphumelele. Qonda ukuba ukuzila ukutya akumtshintshi uThixo, uhlala enjalo ohambi kokuba uqale ukuzila, ngelixa uzilile nasemva kokuba uphumile enzileni. Nangona kunjalo, inzila-kudla iqoba inyama le yakho, itshintshe wena. Ukuba unqwenela utshintsho lwangaphakathi lokwenyani, qinisekisa ukuba uzila ukudla, akwenzi ndlalo.

Ungenile ke enzileni nasekuthandazeni kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga, lonke iLizwi lesiprofeto elithethiweyo kuwe liza kuzaliseka ngeGama likaYesu.

### ISIPROFETO

Ndiza kuzila ukudla, ndithandaze ngoba ndilindele ukufezeka kwelizwi lesiprofeto elithethiweyo kum. Ndiyazi ukuba ukuzila kuqoba inyama yomzimba wam, kukwandilumkisa, kulungelelanise umoya wam kwiinyaniso zakwamoya, ngeGama likaYesu. Amen.



**FUNDA UZANDISELE**

UMateyu 17:21



**I-365 BIBLE CHALLENGE –USUKU**

**35**

IEksodus 25-26; UMateyu 20:1-19



## THETHA ILIZWI UNGAYEKI

**UYohane 11:53 (NIV)**

**Kususha kuloo mini ngoko babhunga ukuba bambulale.**

Ukuze uyiqonde le vesi, kufuneka ukuba uqonde isizathu kunye nomxholo. Iinkokeli zenkonzo zamandulo zazimchasile uYesu ngoba zazifuna ukukhusela izikhundla zazo. Zamtshutshisa uMenzi wemimangaliso (Miracle Worker) ukuze angacimi amagama azo. Musa ukumangaliswa kex a abantu becawa benihlasela. Benza njalo nakuyo iNkosi yethu. Ngoko, ukuba uyatshitshiswa nawe, yazi ukuba asinto intsha leyo.

Xa usenza imimangaliso yaye unenkqubela, utsala abachasi. Emsebenzini, kuthi nje ukuba kubonakale ukuba uza kunyuselwa, uqale ubone impilo yakho ifuna ukungabi ntle, ifemeli ihlaselwe ngapha nangapha ngokunjalo nemali yakho. Utshaba aluyiqhwabeli zandla kaloku inkqubela nanini na, luyayilwa.

Ngoko ke, hlala uxhobe ngekrele likaMoya, eliliLizwi likaThixo. Thetha lona; hlala kulo. Babaza uthi usikelelekile yaye akukho lizwi limdaka lichasene nawe lithethwayo liya kufezeka kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga.

### ISIPROFETO

Ndihleli noKrestu kwezasezulwini iindawo. Akukho nto zam ziza kuwa phantsi, ngoba iNkosi indixhase ngesandla sayo sokulunga sokunene ngeGama likaYesu! Mayizukiswe iNkosi! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
ULuka 22:2



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**36**  
IEksodus 27-29; UMateyu 20:20-34



## ZIQHELISE UKUBABEKA ABANYE

**IEksodus 20:12 (KJV)**

**Beka uyihlo nonyoko, ukuze yolulwe imihla yakho emhlabeni akunika wona uYehova uThixo wakho.**

Abaninzi bayifunda le vesi becinga kuphela ngomhlaba uThixo awunikayo, kodwa ikwamalunga neentsuku zokuphila azinikayo. Ubomi obude buhambelana nokubeka umama notata wakho. Incwadi yabase-Efese 6:2 iqinisekisa oku ngokucaphula le vesi yanamhlanje.

Ukubeka utata nomama wakho kukolulela imihla, izinto zakho ziyanda, izinto zakho ziyaphumelela, uphila ngoxolo nekhuseleko lukaThixo. Nangona kunjalo, amaKrestu amaninzi enza impazamo yokucinga ukuba, ngenxa yokuba ngoku ezelwe ngokutsha, akasafanelanga kubabeka nakubahlonela abazali ababazele ngokwasenyameni, babeka kuphela ababazele ngokwasemoyeni. Yimpazamo enkulu kakhulu le. Ukuze usixhamle ngokupheleleyo esi sithembiso, kufuneka ubeke abazali abakuzeleyo ngokwasenyameni nangokwasenkonzweni.

Baxabiseke ubakhathalele abazali bakho ngeli xesha besaphila. Musa nakanye ukubathatha lula. Baxabise, bahlonele, ngalo lonke ixesha bonisa umbulelo kubo.

### ISIPROFETO

Andisoze ndizivimbe iintsikelelo zobomi obude ngenxa yokungabi nantlonelo! Ndiya kuhlala ndiphumelela, neprosperithi yam iqandusele, ndihlale ngoxolo kuba ndibabekile abazali bam Ndiqinisekisiwe ngempumelelo, iprosperithi yam, kunye noxolo kuba ndibeke abazali bam bobabini, abegazi nabomoya, ngeGama likaYesu! Amen.



**FUND UZANDISELE**  
Kwabase-Efese 6:2



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**37**  
ULuka 2:27-52; lindumiso 16-17



## HLWAYELA IMBEWU

**IGenesis 27:7 (KJV)**

**Ndizisele inyamakazi, undenzele ukudla okunencasa, ndidle, ndikusikelele phambi koYehova ndingekafi.**

Abantu abaninzi banqwenela ukuba bange ngebegcotywe ngolu hlobo bagcotywe ngalo ootata okanye iinkokeli zabo ngokwasemoyeni. Kanti ke, kungakumangalisa ukwazi ukuba olo hlobo lokugcotywa okanye lokuthanjiswa ixesha elininzi balindele ukulufumana simahla! Ngenxa yoko, bambalwa abaye babe neministri ephumeleleyo ngoba abakwazi kuzincama. Ubuzali bokwenene obunogcobo lokwenyani bufuna umntu ozincamayo.

Ukuba ufuna ukukhula ufane nalowo uphantsi kwakhe, yenza ngaphezulu, hlwayela kuye, faka isandla. Ukuba uyifuna simahla yonke into ebomini, ungakhange ukhonze phantsi kwamntu okanye uhlwayele mntwini, soze uyixabise into oyifumeneyo. Yiloo nto ulsake wacelayo inyama yenyamakazi phambi kokuba athethe intsikelelo phezu konyana wakhe. Ngumgaqo wakwamoya: imbeko nentlonelo oyibonisa ngokunikela umbingelelo ivula amasango okwabelwa kugcobo. Lubambe kuwe ke olu lwazi, uya kubona indlela eziya kukuchuma ngayo iziqhamo zakho.

### ISIPROFETO

Ndingumqokelelo wobabalo. Ndikulungele ukwamkela ugcobo ngokuba utata wam ndiyamanelisa ngokuhlwayela kumbono neajenda uThixo ayibeke ebomini bakhe, ngeGama likaYesu elinamandla. Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
KumaHebhere 11:20



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**38**  
IEksodus 30-32; UMateyu 21:1-22

**GoodNews**  
DAILY

## UBUKHO UKATHIXO OBUSEBENZAYO

UYohane 11:14-15 (KJV)

Wandula ngoku uYesu wathi kubo ngokungafihlisiyo, ULazaro ufile. Ndiyavuya ke ngenxa yenu, ukuba ndibe ndingekho khona, ukuze nikhholwe. Noko ke masiye kuye.

UYesu uvuyiswa njani kukufa kukaLazaro? Esi sifundo sisityhilela abefundi bezakwalizwi abakubiza ngokuba lunxunguphalo kulo mbhalo: iNkosi, umnini wobomi, kuyayichulumancisa ukuva ngokufa komlandeli wakhe. Into ephambili kuye yayiyile: Wayengekho xa uLazaro asutywa ukufa kodwa oko kungabikho kwakhe kwadala ithuba lokubonakala kokholo olukhulu.

Ngamanye amaxesha, akusokoliswa kukuba uthandabuza amandla kaThixo, koko sukube ungaqinisekanga ukuba kule yakho imeko uza kuvela na. Ndilapha ukuza kuvakalisa kuwe ukuba nokuba sowuqabele phi, watshona phi, nyamezele uhlaselo macala onke, uYesu sele elukhulule uncedo ukuba lize kuwe. Lusendleleni. Ubukho bakhe buza kuhlangukhe nawe kweyona ndawo umfuna kuyo, ze kuthi yonke into ebfile ebomini bakho izuze ubomi, ivuke kwakhona. Haleluya!

### ISIPROFETO

NdinoThixo soze ndoyiswe nto! NdinoThixo soze ndachukunyiswa nto! Akukho nt iza kundivalela ukuba ndiyibone inkqubela ebomini bam kulo nyaka. Uzuko kuye uThixo osenyangweni! Haleluya!



**FUNDA UZANDISELE**  
KwabaseRoma 8:28



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**39**  
IEksodus 33-34; UMateyu 21:23-46





## UKUBONAKALA KWAKHE ESEBUQAQAWULINI

UMateyu 24:35 (KJV)

Liya kudlula izulu nomhlaba, ke wona amazwi am akasayi kudlula.

Xa ndithetha ndixoxa ngokuxhwilelwa ezulwini (rapture) kwakholwayo, sukube ndingashumayeli ngantshabalalo okanye ndisoyikisa abantu, koko sukube ndibabaza okuseBhayibhileni okuchaza okuza kwenzeka kwimihla yokugqibela. Abanye bathi ndithanda nje ukuthetha, ndibiza amehlo, kodwa ayikho njalo loo nto. Abanye bathi, "Akukho mntu uwaziyo umhla nexesha layo". Yiyo ke loo nto ungxamiseke kangaka lo myalezo.

Ukuthetha ngokuxhwilelwa ezulwini (rapture) akunanto yakwenza nebandla okulo okanye nokoyikisa abantu; lixilongo elithi lunga ulungele ukuhlanga noMdali wakho. Owakho umhla ungafika nanini, ngoko hlala uredi. Phila imini nemini wambathe ukulunga kukaThixo.

Amazwi kaYesu ayinyaniso, awashukumi yaye angunaphakade. Akuthethayo, uyakwenza. Ngoko ke, hlala ulungile, hlala endleleni yakhe uqinile, ulindile, kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga.

### ISIPROFETO

Ndihleli ndithe qwa, ndiphaphile, ingqondo ilungile, intliziyo ilungile, yaye esam isabelo somsebenzi ndiza kusigqiba ndomelele eGameni elinamandla likYesu Krestu! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
liiNdamiso 119:89



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU  
40**  
IEksodus 35-37; UMateyu 22:1-22



**GoodNews**  
DAILY

## UNDIKHATHALELE NA NAM UTHIXO?

**KumaHebhere 13:8 (KJV)**

**UYesu Kristu ukwanguye izolo, nanamhla, ase nakuwo amaphakade.**

Ukuba wawukhe wazibuza umbuzo othi ungowakho, ukukhathalele ngokwenene na nawe uThixo, inene awukabikho phantsi kweembandezelo ezinzulu. Usenokuba ngoyena mntu uzinikeleyo, uthembekileyo, ukrelekrele nozikhuthaleleyo izinto zikaThixo kodwa ube uziva ngathi ubomi bakho buyawa, uyafahlaka. Uye uthi kwakuba njalo uzibuze ukuba ingaba uThixo lo ukukhathalele na okanye uyakubona khona ukukubona oku.

Kufuneka wazi ukuba ukuba noThixo ebomini bakho kunye nokubuva ubukho bakhe zizinto ezingafaniyo ezo. Sikhonza inyange lemhla, uThixo wamandulo onomonde kakhulu, kwaye njengoko ubukho bakhe butyhileka kuwe nakuko konke okukungqongileyo, ubomi bakho buza kuba nentsingiselo entsha. Xa sele engenelela ngokubonakalayo ebomini bakho uThixo, kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga uza kungqina ukuba ngenene uThixo ukukhathalele

### ISIPROFETO

Ndiyamazi uThixo wam akalibali. Ndisemehlweni akhe, kwireyida yakhe, ndibalulekile kuye kwaye ndibhalwe ezintendeni zezandla zakhe (une-tattoo yam). Ndiyanzelekile ukuba ndibe nenkqubela eGameni elinamandla likaYesu! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**

UMalaki 3:6



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**

**41**

IEksodus 38-40; UMateyu 22:23-46

LWESITHATHU,  
FEBHRUWARI 11



### UYeremiya 1:12 (KJV)

**Wathi uYehova kum, Ubone walungisa; ngokuba ndiya kuliphaphepha ilizwi lam ukuba ndilenze.**

Akazange walala uThixo, ngoko akanalo izolo, kwaye akasoze alale, ngoko ke akanalo ingomso, uphila ngoku naphakade. Ngoko, xa uThixo athi, ndiyakusikelela, uthetha ukuba loo nto uyenza ngoku, hayi kwixesha elizayo.

Amaxesha amaninzi, iingqondo zethu ziwubekela ingomso ummangaliso kaThixo, kanti uThixo yena ulungele ukuwenza ngoku. Akukho nto inokuthintela ukufezeka komnqweno kaThixo wokukunika impumelelo, iprosperithi, ukuphila nokwanda ebomini. Amacebo akhe ngobomi bakho akakho mbaxa, okanye akunakuphazama uthi akacacanga okanye akaqinisekanga ngawo. UThixo, eLizwini lakhe uthi izicwangciso zakhe ngawe zihle, zilungile, azingcolanga. Mthembe, thatha eli Lizwi alithethayo, uya kuba yile nto athi uza kuba yiyo!

### ISIPROFETO

Ndiqinisekile ukuba akukho bunzulu okanye kuphakama, maxhala namingeni, zingelosi okanye zinto zisezayo zinokundahlula nothando lukaThixo. Ndihamba ndingxakathe uloyiso namhlanje nangonaphakade, ngeGama elinamandla likaYesu! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
Ulsaya 55:11



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**42**  
ILevitikus 1-3; UMateyu 23:1-18



Good News  
DAILY

## ZAMA IILWIMI

### UYohane 2:1 (KJV)

Kuthe ngomhla wesithathu, kwabakho umsitho eKana yelaseGalili; waye unina kaYesu ekhona.

He bethuna, uYesu wayekhona emtshatweni kodwa yaphela iwayini! Nawe, usenokuba ngoyena mntu uyihamba inkonzo kakangangokude unikwe amabhaso libandla okulo okanye ube ngoyena waziwa ngokuthandaza, kodwa ibe ibhanki yakho ingahlalwa mali, isopha. Inqontsonqa kukuba waza kangakanani na ukuba uThixo ukhona.

Ngokukamoya, uyakwazi ukulijika ixesha abelibekile uThixo, ngokuthandaza ngeelwimi. Uthi njengokuba uthandaza, uMoya oyiNgcwele akunike amazwi afunekayo, nokuba umcimbi ongawo umalunga nencwadi yokundwendwela amazwe, i-visa, nokuba kungezomsebenzi, nokuba ujamelene nezobugqirha efemelini yakho, kanti nokuba kungezezimali zakho! Iilwimi zingqala ngqo kule ndawo ingundoqo, zenze intethelelo engaphaya kokuqonda.

Hlala kwiilwimi, uhlale nakwiLizwi likaThixo, uya kububona ubukho bakhe busebenza, ephokoza imimangaliso yakhe kulo Nyaka weOyili engahqelekanga.

### ISIPIROFETO

Ndithetha iilwimi zeZulu! Ndithetha, ndiqhagamshelane nezeZulu ngeelwimi ezishukumisa ubukumkani bobmnyama. Andibulaleki; ondithi chatha, kuphelile ngaye! Haleluya!



**FUNDA UZANDISELE**  
ULuka 2:51



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**43**  
ILevitikus 4-5; UMateyu 23:19-39



## DIKHOWUDA IMIQONDISO

**UYoweli 2:1 (KJV)**

**Vuthelani isigodlo eZiyon, nihlabe umkhosi entabeni yam engcwele. Mabagungqe bonke abemi belizwe, ngokuba isiza imini kaYehova, kuba isondele;**

Ngamanye amaxesha ukhe uvele nje uzive ungonwabanga, igqondo yakho ingazolanga. Sukube ingeyongcinga nje ke le. Sukube isisilumkiso ngento eza kwenzeka. Ziimpawu zemfazwe ezi zenza umoya wakho ungonwabi.

Wakuzibona ezi mpawu okanye le miqondiso, oko kuthetha ukuba umoya wakho uyeve, uqaphele ukuba kukho uhlaselo oluzayo. Musa ukungazihoyi; zinqakule ube sowuphendula kwangoko ngomthandazo, ulwe imfazwe ngelizwi. Hlala uphaphile ngoba kusenokuthi kanti kukho noJudas enkampini yakho. Xa uyibona loo miqondiso, oko kuthetha ukuba umoya wakho unenkathalo yaye ukuphaphile ukuhlaselwa, yaye kufuneka ukulungele. Musa ukubahoya; yibambe imiqondiso kwaye uphendule kwangoko emthandazweni, esilwa imfazwe neLizwi. Lumka, kuba usenokuba noYudas ozifihlile enkampini yakho.

Kulo uNyaka weOyili engaqhelekanga, hlala uphaphile, zibone iimpawu zemfazwe ume endaweni yakho yoloyiso.

### ISIPROFETO

Ndilijoni lomkhosi kaThixo. Ieriyali yam yomoya ihleli, inqakula iimpawu nemiqondiso yemfazwe yasemazulwini kwaye nditsiba kuqala ndibe sendingxashile. Hayi kaloku andinakuqutyulwa nto, ngeGama likaYesu! Mayibongwe iNkosi!



**FUNDA UZANDISELE**  
KaYakobi II 3:10



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**44**

ULuka 3:1-19; liNdumiso 18-19



## LUNGELA UKUZA KWENKOSI, I-RAPTURE

UMateyu 24:38 (KJV)

Kuba njengokuba babesithi ngemihla ebingaphambi konogumbe, badle, basele, bazeke, bendise, kwada kwayimini awangena ngayo emkhombeni uNowa,

Qwalasela isiseko nesizathu salo mbhalo ngenyameko ukuze uthi xa uhlalutya isibhalo, uwuqonde umongo waso. Ngubani lo wayesitya, esela? YayinguNowa? Hayi yayingenguye. Yena wayexakekile esakha umkhombe. Ukutya nokusela yayiyizizinto ezazisenziwa ngaba babengaboni.

Kwezi mini siphila kuzo, kwenzeka izinto ezingazo, abathandana besisini esinye ufika bebambe imingcelele, iiphareyidi ngapha, kuziifestivali kuselwa ngapha, kuyaculwa ngapha, ngapha kwenziwa zonke izinto zokwanezisa iimfuno neenkanuko zenyama. UMKrestu wenyaniso kodwa yena uzixakekisa ngokuhambisa iindaba ezilungileyo, ebizela imiphefumlo kuThixo, nangokulungiselela ukuza kweNkosi yethu uYesu Krestu.

Yonke into eyenzekayo ngoku yayisenziwa kakhulu nangela xesha likaNowa kodwa uNowa yena wakhetha ukuqwalasela kuphela kumsebenzi awayewunikwe nguThixo. Ukufika kukanogumbe, bathi abanye bephantsi kwembandezelo nje wabe uNowa epholelwe ngamalanga, engenalo nelinjani ixhala. Musa ukuphazanyiswa nto kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga. Beka amehlo akho kuYesu, ngoba sekukufuphi ukubuya kwakhe kunokuba ucinga.

### ISIPROFETO

Ndivutha umlilo ndivuthela iNkosi uYesu de ibonakale isebuqaqawulini. Ndikulungele ukuhlalanga nayo emafini, nangalo mzuzu. Haleluya!



**FUNDA UZANDISELE**  
ULuka 17:26-27



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU 45**  
ILevitikus 6-7; UMateyu 24:1-31

**GoodNews**  
DAILY

## OKUPHIISANAYO!

**UMateyu 26:6 (KJV)**

**Ke kaloku, akubon' ukuba uYesu useBhetani, endlwini kaSimon owayeneqhenqa,**

UYesu wayesendlwini kaSimon owayeneqhenqa. Khawube nalo mbono uphikisanayo, uMphilisi, uMwenzi wemimangaliso, uMbhali noMgqibelelisi wokholo lwethu wayehleli kwikhaya lendoda eyayisaziwa ngesigulo sayo. Isibhalo asisibonisi rekhodi yakuphiliswa kukaSimon. Kuphela sixelelwa ukuba uYesu wayengqendevu kamnandi endlwini yakhe (uSimon). Yiba nomfanekiso umntu enoMdali ngokwakhe endlwini yakhe kodwa yena abe engaphilanga.

Mhlawumbi nawe uyagula, ujongene neengxaki okanye uphantsi kwentswelo kodwa unoThixo. Ndifuna ukukuqinisekisa ukuba njengokuba ufunda le GoodNews Daily nje namhlanje, iyaphela loo nto! ILizwi likaThixo lilungelelanisa izinto emzimbeni wakho. Namhlanje, impilo yakho, ibhizinesi nefemeli yakho nezimali zakho ziyabuyiswa. Akusazukubuya uthi uhleli ebusweni bukaThixo ube uphila ubomi obungaxeli loo nto!

### ISIPROFETO

Andilahlekanga! Andifahlakanga! Ndiza kuphumelela nokuba kwenzeka ntoni na kuba uThixo undinikile uloyiso olungaphaya kolawulo namandla okungendawo, ngeGama likaYesu elinamandla. Mayibongwe iNkosi!



**FUNDA UZANDISELE**  
UMarko 14:3



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**46**  
ILevitikus 8-10; UMateyu 24:32-51



MVULO, FEBHRUWARI 16



## UBOMI BAKHO BUKHUSELEKILE

Imizekeliso 18:10 (KJV)

Yinqaba ende igama likaYehova; ilungisa ligidimela kulo, libe sengxondeni.

Ukhuseleko kuYesu sisithembiso sabo bonke abathembele eGameni lakhe. INdumiso 91: 3 ithi, "Ngokuba ngokwakhe uya kukuhlangula emgibeni womthiyeli, endyikityeni yokufa eyeyeliselayo." UYesu uyakhathala ngokhuseleko lwakho, kwaye abo bakholelwayo kuye uyabakhusela. Ngoko, musa ukoyika.

lingelosi zithunywe ukuba zikukhusele. Usaphuma nje namhlanje, awuwedwa, ugadwe ziingelosi, zikuphahle macala onke. UThixo ufuna ukuba usuku lwakho lube luhle kwaye uyaqinisekisa ukuba akuzi kukhubeka okanye uwe. Akuzukuhlelwa nto imbi namhlanje. Usikelelwe uphuma, usikelelwe ungena, ngeGama likaYesu.

### ISIPROFETO

Ndisikelelwe mna yiNkosi! Inene ndisikelwe kumhlaba otyebileyo kuba amacandelo andiwele ezindaweni ezimnandi. Usathana uthi ndizihambela nje asuke angangcazele, atyhwatyhwe, ngeGama elinamandla likaYesu!



**FUNDA UZANDISELE**  
IiNdumiso 61:3



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**47**  
ILevitikus 11-12; UMateyu 25:1-30



**GoodNews**  
DAILY

## YIMPINDA

### INTSHUMAYELI 1:9 (NIV)

Into eyayikho yeya kubuya ibekho; into eyenzekayo yeya kubuya yenzeke yona. Akukho nto intsha phantsi kwelanga.

Yonke into oyibonayo yimpinda. Xa ndiprofeta ngebhola, ibasketball nezinye iziganeko, ndixela abawinayo nabangaphumelelanga, kungenxa yokuba sele ndibabonile ngokomoya. Oku kukuxelela ukuba ubomi obu ububonayo, ubaziyo, bungaphaya kobu benyama, buyimpinda yobunye ubomi obungabonakaliyo, obusemoyeni.

Xa ndibona izinto ngomoya ze ndiprofete, ndithetha amagama obomi ebhizinesini yakho, kwizimali zakho, kwifemeli yakho, nawempilo emzimbeni wakho! Asimagama nje lawo; axwaye amandla. Namhlanje ngumhla owodwa lo kuwe, ubomi bakho buyaphakanyiswa ukususela ngoku. Kuza kuba yimimangaliso ngemimangaliso engapheliyo ebomini bakho kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga.

### ISIPROFETO

Mna sele ndisikelelwe, kunjalonje akukho nto iya kuyitshintsha loo nto. Izinto zam ziza kwanda, ndiphile ngenkoliseko, ifeyiva engapheliyo lo nyaka nje wonke. ngeGama likaYesu! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
KumaHebhere 13:8



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**48**  
ILevitikus 13-14; UMateyu 25:31-46

LWESITHATHU,  
FEBHRUWARI 18



## UYESU UYABUYA – SEKUKUFUTSHANE!

**KwabaseKorinte I 15:52 (NLT)**

ngesiqophe, ngephanyazo, ngexilongo lokugqibela. Kuba liya kulila ixilongo, bavuke abafileyo bengenakonakala, senziwe ngakumbi ke thina.

Abayoyiki ngako abantu irapture okanye ukubuya kukaKrestu, kuquka namaKrestu la. Ukuba uredi ukuba uye ezulwini, akukho nto mawuyoyike, sowuwinile! Manditsho ndithi kuwe, akusokusala ngemva! Ukuba akukamamkeli urestu njengeNkosi noMsindisi wakho, jonga indawo ebhalwe “Umamkele na uYesu” uthandaze laa mathandazo uphaya ngoku!

Lakukhala ixilongo lixela ukuza kweNkosi, ngokuphanyaza kweliso, uya kuthiwa xhwi ukuze uhlangane neNkosi emafini. Ngoko ke, beka ixhala phantsi uvuye. Wena hlala uprekthizela loo mzuzu, ube “kolokuqala uhambo”. Kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga uza kuba kwinani labahambayo nawe!

### ISIPROFETO

Ndiyaya eZulwini kwaye ndiwulungele umhla weNkosi! Akukho nto luya kundijika ngayo utshaba Engqondweni yam ndihlala ndicinga ngoBukumkani bukaThixo kuphela kwaye andisali ngemva. Mayibongwe iNkosi! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
UMateyu 24:31



**I-365 BIBLE CHALLENGE – USUKU**  
**49**  
ILevitikus 15-16; UMateyu 26:1-35



### UMateyu 15:30 (NLT)

Kweza kuye izihlwele ezininzi, zinazo iziqhwala, iimfama, izidenge, izilima, nabanye abaninzi., zababeka phantsi ezinyaweni zikaYesu; wabaphilisa.

Kukho imimangaliso ethi yakwenzeka abantu bakhuze bathi abazange bayibone enjengale! Kuhambo lwam neNkosi, baninzi abantu endibabone bephiliswa, kodwa liyandimangalisa inani labantu abane-HIV abaphiliswayo apha enkonzweni. Baphiliswa iyikhonfrensi, iyinkonzo yangeCawa yesiqhelo. I-HIV ivela iphume ngoko nangoko kwakubizwa impiliso eGameni likaYesu Krestu.

Kungaba siso nasiphi isigulo okanye imeko yezempilo, lo Yesu mnye uphilise abakwiimeko ngeemeko ezinzima zempilo uphethe eyakho impiliso ngalo mzuzu! Phila! Amathambo omzimba wakho, imithambo ebaleka igazi, namalungu omzimba wakho onke ayabuyiselwa ngoku! Nanku uYesu uMphilisi efika eze kukuphilisa emzimbeni ngalo mzuzu ufunda ngawo le ncwadana iGoodNews Daith ngokholo. Wena kholwa nje qha uzuze impilo yakho ngeGama likaYesu Krestu elinamandla!

### ISIPROFETO

Andizukube ndisilwa nasigulo okanye nasifo. Umzimba wam uyasicekisa isifo nobulwelwe. Ndisempilweni egqibeleleyo, eGameni elinamandla likaYesu Krestu! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
UYohane 6:2



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**LWE-50**  
ILevitikus 17-19; UMateyu 26:36-75



## NGUYESU KUPHELA

**UYohane 14:14 (KJV)**

**Ukuba nithe nacela into ngegama lam, ndoyenza mna.**

NgoAgasti 2025 sathi sisekhonferensini yebandla eli lethu, iGoodNews Conference, kummandla weCopperbelt eZambia, istediyam sizele siphuphuma, ndabukela amandla angummangaliso kaThixo esebenza. Ndandingashumayeli ngabuciko bam apho koko ndandishumayela ngembonakaliso yamandla, njengoko kubhaliwe kwabaseKorinte I 2:4. Amashumi ngamashumi amawaka kweso stediyam kunye nezigidi nezigidi zabantu abasehlabathini zabona uYesu esebenza apho!

Kwakuphila imilwelwe, i-HIV isuka inyamalale, abantu babesuka bazibone benemali ezifowunini zabo, ndithi mna babeyibona nalapha ezandleni zabo, kheshi. ligajethi ezinjeengefowuni ezophukileyo, mhlawumbi zicandekile, zazivele zibonwe sezilungile ngathi khange zibe bezophukile. Abaneengxaki zegazi njenge-HIV babengqina bengqinile ngokuphiliswa kwabo. NguYesu kuphela owayenokwenza oko!

Ewe, oogqirha bakhupha amayeza, iipilisi babahlabe neenaliti abantu ukuze bazive ngcono ezigulweni abanazo, kodwa igama iLizwi nje elinye elisuka kuThixo lenza izimanga, imiqondiso, imimangaliso, kungabikho nento engathi ingasalela. Hayi akukho ntlenge kwakaThixo into! NguYESU kuphela ohamb' apho!

### ISIPROFETO

NguYesu kuphela ondikhokelela ezintweni ezintle kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga. Akekho onokundinqanda okanye andityhafise kuba Yena undikhokelela ebuqaqawulini bobuqaqawuli! Haleluya!



**FUNDA UZANDISELE**  
KaYohane I 3:22



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**51**  
ULuka 3:20-38; liNdumiso 20-22



## UKULAMBELA UTHIXO

**IGenesis 5:24 (KJV)**

**UEnoki wahamba noThixo; akabakho, ngokuba uThixo wamthabatha.**

AmaKrestu amanzi afuna amandla, udumo nokwaziwa, ukanti asenyeleni apha ekulambeleni izinto zikaThixo. Ndidibene nabantu abanqwenela ukubonakala kwamandla kaThixo nemiqondiso kodwa ngathi kum abakulambelanga ukusondelelana okunyanisekileyo noThixo weZulu. Bafuna “izinto” zakhe kodwa banqabile apha ekumthandeni.

Indoda okanye inkosikazi emlambeleyo uThixo inamandla, yenza iinguqu ebomini babanye. Lixesha lokuba ube nguloo mntu ke, lo uvuthayo, utshiswa ngumnqweno ongaqungwanga nongacimekiyo wokusondelana naye. Kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga unani na unganyusi iikawusi nje uynyukele kwinqanaba anokukuthemba ngamandla akhe kulo uYehova, amandla eza neenguqu kusapho lwakho, kwibhizinesi, emsebenzini nasezimalini zakho, ungaxhamelakanga, ungatsalanga nzima.

### ISIPROFETO

Ndiphethwe yindala, ndilambeke uThixo yedwa! Njengokuba lukhula nje ulangazelelo lwam lukaThixo, ndizuza ukomelezwa futhi ndinyukela phezullu kwilizwe likaMOya. Ubomi ba buyakhula, ubuqaqawuli buyabonakala, ngeGama likaYesu! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
ULuka 24:51



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**52**  
ILevitikus 20-22; UMateyu 27:1-32

## UKUTHANDAZA OKUNGQALILEYO

**OoKumkani I 18:42 (KJV)**

Wenyuka ke uAhabhi, waya kudla, waya kusela. Ke uEliya wenyuka waye encotsheni yeKarmeke, waqondela emhlabeni, wabufaka ubuso bakhe phakathi kwamadolo akhe.

UMprofeti uEliya wathandaza efake ubuso bakhe phakathi kwamadolo. Intloko yakhe, enamehlo, iindlebe, umlomo, impumlo, nengqondo, yayigobile ngokuzithoba ngokupheleleyo. Le ndlela wayenze ngayo yayibonisa onke amagunya akhe athandaza ngamandla, engashiyi ndawo yasiphazamiso.

Kuxa ufikelele kwinqanaba lokungqala, unгахexi, apho umlilo wetrone ugqobhozela kulo lonke uchaso kwinkqubela yakho. Ixesha lakho lomthandazo malingqale ngokupheleleyo, ungaphazanyiswa nto, wambathiswe ngokholo, ulindele iziphumo, kunjalonje, ziza kubakho. Umthandazo onjalo unyanzela amazulu ukuba azale imimangaliso. Mayibe sisiqhelo sakho esi, uya kububona ubomi bakho buntingela phezulu kulo nyaka.

### ISIPROFETO

Ndithandaza kubuye iziphumo! Imithandazo yam ishukumisa iindawo, izinto zonke ziguqe kwiLizwi likaThixo endinalo ngaphakathi. Imithandazo ya ineziphumo ngoba ndithe ntshoo phambili, ndijonge ukufezekisa intando kaThixo. Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
KaYakobimes 5:17-18



**I-365 BIBLE CHALLENGE – USUKU**  
**53**

ILevitikus 23-25; UMateyu 27:33-66





## IXESHA LOKUZITHI CEBU

**OoKumkani I 19:9 (NLT)**

**Waya emqolombeni apho, walala khona. Nalo ilizwi likaYehova lifika kuye. Wathi kuye, Uyintoni na apha, Eliya?**

Kukho amaxesha ekufuneka ubekho phakathi kwabanye, ukhwaze, ucule, ubhiyoze nje, kube mnandi. Akho namaxesha afuna ukuba kuthi ngenxa yeemeko zobomi, ukhe ube wedwa. Kungeli xesha ke apho aye aqale ukuthetha kuwe uThixo..

UEliya, umprofeti omkhulu, wabaleka waya kude waya kuzifihla emqolombeni, ezikhwebule ngokupheleleyo kwizihlewe. Lafika kuye iLizwi likaThixo emva kokuba enze loo nto.

Kudala uhleli kule ndawo inengxolo, phakathi kwesihlele kodwa intlungu iyaziphindaphinda apha kuwe, uhleli nje unestresi, uhleli nje uyaphoxeka. Kodwa mandithi, ukuba nje ungenza ithuba khe uzikhethe, usuke ebantwini, ube wedwa, kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga, uThixo uza kuhlanguka nawe ngongcwele, abuthi phendu, guqu, ubomi bakho ngonaphakade.

### ISIPROFETO

Andizokuwavala amehlo am de uThixo athi, ndihleli ndedwa, athethe. Ndiyazi ukuba uThixo uyathetha ngoko ke ndihleli emlindweni wokuba ze athi xa ethetha ndimve kakuhle, eGameni likaYesu elinamandla! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
INdumiso 46:10



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**54**  
ILevitikus 26-27; UMateyu 28



## ISIMO SENTLIZIYO

**UYeremiya 17:9 (NIV)**

**Intliziyo inenkohliso ngaphezu kweento zonke, isisifo esibi; ngubani na onokuyazi?**

Siphila kwilizwe elinabaninzi abafuna ukubonwa ngabantu. Abanye bayancuma, bayahleka, babonakala ngathi bonwabile. Kambe, iintliziyo ezi zabo zinjani?

Kwenye yeenkonzo zethu zesiqhelo, kwakukho isibini esitshatileyo esangena sincumile, sibambene ngezandla, nesasingumbono onqwenelekayo kubo bonke. Kojongileyo ngeliso lenyama, uthando lwabo kwakubonakala ukuba lwenziwe emazulwimi. Kwathi ukuba siphume isiprofeto ngabo, kwatyhilwa ukuba basendleleni yokuqhawula umtshato. Okothusayo kwakukuba inkosikazi yiyo eyayiwuqhawula, umyeni wayengazi. Yathi yakukungqina oko kwakuprofetwa wasala umyeni ekhamnqile.

UTHixo akagwebi okungaphandle, ujonga intliziyo. Makabone intliziyo yakhe uyinikele kuye, ingcwalisiwe kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga.

### ISIPROFETO

Intliziyo yam ilamkele njengoko linjalo iLizwi likaThixo. Umoya wam uyavumelana nemithetho yakhe. Ngoko, ndibheka phambili, eGameni likaYesu! Haleluya!



**FUNDA UZANDISELE**  
KumaHebhere 4:12



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**55**  
INumeri 1-2; UMarko 1:1-22



**GoodNews**  
DAILY

## II-ROCKET BOOSTER

**KaYohane I 2:19 (KJV)**

**Baphuma kuthi, babengengabo abethu; kuba, ukuba babengabethu, ngebahlalayo nathi. Baphuma ukuze babonakale, ukuba bonke babengengabo abethu.**

II-Rocket boosters zifuneka ukuze ziyityhale inyuke irokethi, ze ithi yakufika kumphakamo othile, zizimuncule kuyo, izinyukele yodwa.

Kwangokunjalo ke, abanye abantu bakho ebomini bakho ukuze bahambe nawe umgama othile. Kambe kukhulu ukuva amaKrestu engalali buhlayo ezikhathaza ngokuba ubani othile akasafuni kuzidibanisa naye noxa emenzele izinto ezinkulu. Inyaniso kukuba xa inqanaba linyuka, akukwazi kube urhuqa abantu okanye izinto.

Ngoku, lixesha lokuba ube nengqondo efana neyeroketh sayentist (rocket scientist): ukuhamba kwabo ebomini bakho kubone njengokuba kukuphakanyiswa kwakho oko. Kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga, dubuleka uye phezulu, uzivuthulule uzishiye ezingenakukwazi ukuhlala. Ntinga!

### ISIPROFETO

Ndizelwe ndoyisile! Andikwazi kufelisha mna, bekhona, bengekho. Ndilulungiselele uloyiso kwaye ndiza kulubonisa uzuko lukaThixo ngoku nangamaxesha onke, eGameni likaYesu elinamandla!



**FUNDA UZANDISELE**  
KuTimoti II 4:10



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**56**  
INumeri 3-4; UMarko 1:23-45



**GoodNews**  
DAILY

## KUGQITYIWE!

**UYohane 19:30 (KJV)**

**Xa ngoko uYesu wayeyamkele iviniga, wathi, Kugqityiwe! Wathoba intloko, wawunikela umoya wakhe.**

UYesu akuthi, "KUGQITYIWE!", kwabo babekufuphi nakwindalo yonke, Izono zakho zangaphambili, ezungoku noseza kuzenza, zaxolelwa kulaa mngamlezo. UYesu akamane ejonga iziphoso zakho zangaphambili. Ngoko ke, yeka ukuthi uhleli nje ube uzohlwaya!

Igazi lakhe elaphalalayo laliyintlawulo epheleleyo yesono somntu. Le nyaniso ifanele ukukwanezisa, izalise intliziyo yakho ngovuyo noxolo, ungabi uzohlwaya uzibeka amatyala. Xa uYesu esithi kugqityiwe, uthetha ukuba konke kuphelile, akukho nto mawuzikhathaze ngayo. Uxolelwe, irekhodi yako konke ukona kwakho icinyiwe.

Vuya ke namhlanje, unombulelo, kuba kuKrestu ukhululekile ngokwenene!

### ISIPROFETO

Ndisidalwa esitsha kuKrestu! Ubomi bam bufihlwe kuye. Ndingulo athi uThixo ndinguye kwaye ndijonge ukusondeza izizwe kuKrestu! Mayibongwe iNkosi! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
KwabaseRoma 5:6



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**57**  
INumeri 5-6; UMarko 2:1-28



## MASIKHANYE ISIBANE SAKHO!

**ULuka 8:16 (KJV)**

Akukho ke uthi, esilumekile isibane, asibeke ngesitya, athi mhlawumbi asibeke ngaphantsi kwesingqengqelo; usibeka esiphathweni saso, ukuze abo bangenayo bakubone ukukhanya

Imvuselelo kukuvuka xa ube ubanda ngokwasemoyeni, ze ungene kwiinyaniso ezintsha kuKrestu. Isibhalo sithi akukho mntu uthi akugqiba ukulayita ikhandlela akugqiba alifihle. Xa uYesu ekubiza ngokuba ukukukhanya kwehlabathi, uthetha ukuba yabuchitha wena ubumnyama, akubutsali.

Ukukhanya okuphetheyo yi-phótizó, isibane sestedyam esiqaqambe kangangokuba silubetha lumfameke utshaba. Ikwangumlilo ophuma kuMoya oyiNgcwele ongaphakathi kuwe. Ubizelwe ukuba ukhanyise kwindawo okuyo. Musa, ke ngoko, ukuvumela bumnyama buthathe indawo emtshatweni wakho, efemelini, ebhizinesini yakho nasemsebenzini wakho. Vuka, ukhanye, uqaqambe! Ukukhanya kufikile ulo Nyaka weOyili engaqhelekanga!

### ISIPROFETO

Ndikhanya oku kwesibane sestedyam! Ndifana nesakhiwo esiphakamileyo. Andinayo indawo yokufihla ubumnyama ebomini bam. Ndithweke Amandla kaThixo nomlilo kaMoya oyiNgcwele. Haleluya! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
KwabaseKorinte II 4:6



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**58**

ULuka 4:1-22; liNdumiso 23-25



## INZUZO EKUBEKENI ABAZALI

**Kwabase-Efese 6:2 (KJV)**

**Beka uyihlo nonyoko; wona lowo ngumthetho wokuqala onedinga;**

Kukho iintsikelelo ezihamba nokubeka ootata noomama, nokuba kungokokuzalwa ngokwegazi okanye ngokomoya (ngokwenkonzo). Kubalulekile ukuba uyiqondisise le ndawo. Ngokubeka abazali bakho, ufumana imihla emide yokuphila, ukuf kutsho kuchasele kuwe, ukhuselwa ezingozini, kwaye “ubhungca” nezityholo oluzibekileyo ngawe utshaba lufuna ukuba iphele into ebithethwa ngawe.

Imbeko nentlonelo asiyonto nje oyikha emoyeni; yinto ebonakaliswa ngokwenza. Sukulinda ukude ukhunjuzwe ukubeka abazali bakho kunye nabo bangabazali bakho ngokomoya/ngokwenkonzo. Imbeko ngumthetho otsla aiintsikelelo zikaThixo zize kuwe. Ikwangumyalelo ohamba nesithembiso: ukuze imihla yakho yolulwe emhlabeni.

Kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga, usabahloniphile abazali abandizele ngokwasenyameni nabazali bam ngokwasemoyeni, zuza iminyaka emide emhlabeni, kulunge konke kuwe.

### ISIPROFETO

Ndiza kubabeka ngamazwi nangezenzo abazali bam begazi ngokwasenyameni nabazali bam ngokwasemoyeni. Ndiza kuxhamla inzuzo namaqithiqithi ngenxa yokubabeka ngokufanelekileyo ngoku nangalo lonke elinye ixesha. Haleluya! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
IEksodus 20:12



**I-365 BIBLE CHALLENGE – USUKU**  
**59**  
INumeri 7-8; UMarko 3:1-19

## INZUZO ENGEKAFEZEKI, ONGEKAYIXHAMLI

UMateyu 7:24 (KJV)

Wonke umntu osukuba goko eweva la mazwi am, awenze, ndomfanekusa nendoda eyingqondi, yona yayakhelayo elulwalweni indlu yayo.

Kwezotyalo-mali, oosomashishini abaninzi bayayiqonda into ekuthiwa "yinzuzo engekafezeki okanye engakabiyomali", inzuzo esesephepheni kuba iasethi ingekathengiswa. Umzekelo masithi, uthenga izabelo ze-\$1000, ze ixabiso linyuke libe yi-\$1500. Laa \$500 zinyuke ngayo yinzuzo engekafezeki eza kuba yinzuzo ebonakalayo, onokuyixhamla kuphela xa uzithengisile izabelo.

AmaKrestu, xa esilela ukusenza okanye ukusiphila isibhalo, asemngciphekweni wokuba angayixhamli inzuzo okanye umvuzo awabekele wona uThixo. ILizwi liphelela nje ephepheni ebibhalwe izithembiso ezileleyo nje zingazalisekanga. Kungca nomgca, umyalelo nomyalelo, isibhalo silibeka ngokucacileyo icebo ikaThixo lendlela omawukhule, wande, uchume ngayo, Nditsho nangeoyili engaqhelekanga le isisiprofeto esingumxholo walo nyaka – wakungenzi nto ungazisebenzisi, kwakuba lilize ke. Sebenzisa iLizwi, musa ukuliva nje, lenze!

### ISIPROFETO

Namhlanje ndikhetha ukulenza iLizwi, ndingalimameli nje kuphela.! Ndiwachukumisa onke amaqhosha ezibonelelo zam zasenyangweni. Andizukuthi ndinenzuzo kodwa ndingayixhamli. Yonke into andabele yona ebomini uThixo ndiyibiza yonke!



**FUNDA UZANDISELE**  
EkaYakobi 1:22



**I-365 BIBLE CHALLENGE – USUKU**  
**60**  
INumeri 9-10; UMarko 3:20-35





## AMEHLO KATHIXO

**Abagwebi 6:15 (NIV)**

**Camagu, Nkosi yam, ndiwasindisa ngantoni na amaSirayeli? Khangela, umzi wakowethu ngowona uphantsi wakwaManase, nam ndinguyena mncinane endlwini kabawo.**

Kwisifundo sanamhlanje, uThixo ubiza uGidiyoni ngexesha amaSirayeli ayecinezelwe ngamaMidiyan. UThixo wathi kuye, Hamba ngala mandla akho, uwasindise amaSirayeli esandleni samaMidiyan. Impendulo kaGidiyon inzulu kwesi sifundo. Endaweni abeke ithemba kulowo uThixo ambize, wamnyula uku babe nguye, waphendula ngokoyika, amandla akhe ewajonge ngokwendlela abajonga ngayo abantu.

Uninzi lwamaKrestu lwenza ngolu hlobo ke nawo, lube ngolo hlobo luyawaminya amandla kaThixo ebomini bawo, ngokuthi ayidele indawo yawo kuKrestu. Wofika umntu ezibona engafanelekanga, ebuthathaka okanye ezoyikisela. Akunamsebenzi nokuba abanye bathi akufundanga, ukwinqanaba elisezantsi emsebenzini okanye ekuhlaleni; ukuba ukubizile uThixo, uza kukuxhobisa ngokufanelekileyo. Wena wedwa, ekubizile nje, uza kuyizalisekisa intando yakhe ngendlela enganambaliso kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga!

### ISIPROFETO

Namhlanje, ndikhethe ukuzibona ngeliso likaThixo. Le veki intsha ndiyingena ndityhale isifuba, ndiqinisekile ngesiqu sam ngoba ndinyulwe nguThixo!



**FUNDA UZANDISELE**  
UYeremiya 1:5-8



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**61**  
INumeri 11-13; UMarko 4:1-20

## UKWENZA KOKHOZI

**KwabaseFilipi 3:14 (KJV)**

**Ndiphuthume ngokoxunele umvuzo wobizo lwaphezulu lukaThixo kuKristu Yesu.**

Kwi-onitholoji (ufundo lweentaka), ukhozi luthathwa njengesona sidalwa singqalileyo, sinobuchule phakathi kwezilwanyana. Ukhozi, ngamehlo alo abukhali ngokuphindwe kasibhozo kunamehlo omntu, akwazi ukubona ixhoba likude lee, nakumphakamo oziinyawo ezingama-23,000. Nangaphezulu kwendlela ezakhiwe ngayo, ingqondo yokhozi ayifani neyezinye izidalwa; ixhoba aziliyek. Alothuki, alushukumi.

Ungumntwana kaThixo, wonke umsebenzi owenzayo wenze ngobuchule obunjengokhozi. Musa ukunikezela, hambela phezulu ukwenza intando kaThixo, uthe ntsho phambili, ungqalile, uzinikele ngokupheleleyo, ujlise ingqondo inye. Jolisa amehlo akho ekufezekiseni icebo likaThixo nasekuqhubeleni phambili imicimbi yobukumkani bakhe, utyhalele phambili ukuphuthuma umvuzo wobizo lwaphezulu lukaThixo kuKrestu uYesu!

### ISIPROFETO

Njengokhozi, ndidalelwe ukuba ndibhabhele phezulu! Ndinazo zonke izixhobo zokufezekisa umnqweno kaThixo ebomini bam, ndingqalile ngecebo elingenamposiso!



**FUNDA UZANDISELE**  
KwabaseKolose 3:2



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**62**  
INumeri 14-15; UMarko 4:21-41



## ANDIHAMBI NGETANKI ENGENANTO

KwabaseRoma 12:11 (NIV)

Mayela nomoya lo, vuthani; mayela neNkosi le, khonzani;

AmaKrestu amaninzi aphila ubomi bawo bonke engabuxhamli ubuncwane bezibonelelo asibonelele ngazo uKrestu ngokufa novuko lwakhe oluzukileyo, ngenxa yokuzixokisela esithi agqibelele wona ngezinto zakwamoya. Awakukhuthazi ukwenza kubaluleke ukulifunda nzulu iLizwi, ukunyukela kumanqanaba aphezulu omthandazo nokuzinikela kwezoBukumkani. Ayekelela umxakatho, angenwe kukungakhathali.

Khawuzibone uqhuba imoto enehafu yetanki yepetroli. Ewe kakade akufani nokungathi ayinto kodwa into esiyithethayo kukuba ayizelanga! Ungumtwana kaThixo, musa nakanye ukuphazama uthi “kungcono kunangaphambili” ube uxela ukuba loo ndawo yile uThixo afuna ukuba ube kuyo. Yiyeke into yokuphila ngezantsi komgangatho akubekele wona uThixo. Le nto kuthiwa yinkqubela asikokuba ngcono kuneyona meko imbi bekuyiyo koko kukuqhubela phambili usiya kokona kugqibeleleyo akubekele kona uYesu ebomini!

### ISIPROFETO

Hayi andizokwamkela izinto ezingconwana nje. Ndifuna ezona zinto zigqibeleleyo andibekele bona uThixo kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga! Andihambi ngetanki engenanto, e-empti. Ndigcwele qhu ngamandla kaThixo



**FUNDA UZANDISELE**

Kwabase-Efese 3:19



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**

**63**

INumeri 16-18; UMarko 5:1-21

## AKUKHO UGQIBELELEYO

**UMateyu 5:48 (NIV)**

**Ngoko yibani ngabafezekileyo, njengokuba uYihlo asemazulwini efezekile.**

Ininzi inkohliso kamtyholi phandl' apha esele izalise iintliziyo zezigidi ngezigidi zabantu, egama layo liyintetho ethi "akukho mntu ugqibeleleyo" (okanye, ufezekileyo, ngokwesi sifundo sanamhlanje). Noxa ingangathi yintetho ebonisa intobeko le, iyaphikisana nenyano esezibhalweni. Ukuba uyayivumela ithathe indawo ephambili ebomini bakho, iziphumo zayo zingayingozi embi.

Ewe, umntu uneziphako, kodwa wakwamkela uYesu, ufumana ubomi nobume bukaYesu, kwaye ubizelwa ukuphila ngokomgangatho wakhe wasezulwini, hayi ngokweepatheni zokuphila zomntu osenyameni. UThixo usinike uMoya oyiNgcwele nezipo zikaMoya ukuze abangcwele babe ngabantu abagqibeleleyo. Ungomnye wabo ke nawe!

UYesu, ongumzekelo wethu ongenasiphako, ubonisa ukuba ukugqibelela okanye ukuba nemfezeko kukuphila ngentando kaThixo, ukulungelelanisa ubomi bakho kubulungisa bakhe. UbuKrestu bokwenyani kukufezeka kwenyano kaThixo. Phila kuloo nyaniso kulo Nyaka weOyili engaqhelekanga!

### ISIPROFETO

UThixo undinike ubomi obugqityelelisiweyo Ndiphila ngokomgangatho wasezulwini lakhe. Ndiyala ukuphila ngamasiko nezithethe nenkcubeko yelizwe lanamhlanje; ndiphila ubomi obulungelene nentando yakhe!



**FUNDA UZANDISELE**  
KaYohane 1 4:17



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**64**  
INumeri 19-20; UMarko 5:22-43

## UBUDLELANE NOBUTHIXO

**EkaYakobi 4:8 (KJV)**

**Sondelani kuye uThixo, wosondela kuni. Hlambululani izandla, boni, nenze nyulu iintliziyo, nina bamphefumlo umbaxa.**

Into eyahlula amaKrestu kwiinkolo zabanye kukuba asinkolo nje; bubudlelane nosenyangweni! UThixo wasithanda ngothando olunzulu kangangakuba wakhetha ukuza kuphila phakathi kwethu, wathatha isohlwayo sethu ngomnqamlezo, wasikhulula ngovuko lwakhe oluzukileyo. UnguThixo omaziyo umntu, okuthanda ngaphezu kokuqonda kwethu singabant yaye ufuna uphile ubomi obumnandi kuKrestu.

Isifundo sethu sisityhilela ukuba wakusondela kuThixo, usondela kuwe naye. Ngokufunda iLizwi lakhe, utyala ixesha elifanelekileyo ekomelezeni ubudlelane benu, ze kuvuleke iintsikelelo namathuba angenakubalwa mntu

Njengabo nabuphi ubudlelane, unxibelelwano ke lungundoqo. Mxelele iminqweno yakho, iingxaki ogaxeleka kuzo, imicelimngeni, yonke nje into, ngoba ukuthanda kakhulu.

### ISIPROFETO

Ndinobudlelane noThixo ondithanda kakhulu! Ngokusondela kwam kuye, ndifumana utshintsho nokuxhotyiselwa intando yakhe. Ndihamba nje ndisondelele nosenyangweni kwaye ndinoxolo okugqibeleleyo, ngeGama likaYesu!



**FUNDA UZANDISELE**  
liNdimiso 145:18



**I-365 BIBLE CHALLENGE – USUKU**  
**65**  
ULuka 4:23-44; liNdimiso 26-28



## IMINQWENO YOBOMI EHAMBELANA NENJONGO

KwabaseKolose 3:23 (NIV)

Nako konke enisukuba nikwenza, kusebenzeni ngokwasemphefumleni, kunge kukwiNkosi, akukhona kubantu;

Kukho uluvo oluphosakaleyo osele luqhelekile futhi ngoku lokuba injongo kaThixo ngobomi bakho ayihambelani neminqweno yakho yaye ukuze ube wenza intando yakhe kufuneka uziyeke ezakho izinto ozithandayo. Asiyonyani kwaphela le! Isibhalo esingcwele sisifundisa ukuba uThixo usenza sibe nezinto esizithandayo ze senze ngokwenjongo yakhe entle. Xa sisenza ngokulungelene nentando yakhe, iminqweno namaphupha ethu ke ngoko awukwazi ukuba ungathi zizinto ezingalunganga: zinenjongo.

Umzekelo, ukuba umnqweno kukuba ne-luxury hospice, ube unesiphiwo sokuvangela, kwingeniso okanye kwiprofithi oyifumanayo ungathatha kuyo ufake isandla kwiimishini zebandla udale amathuba okuhambisa iVangeli. UThixo ufuna ube nempumelelo. Ukuba amaphupha neminqweno yakho ayiluthinteli ubizo lukaThixo ebomini bakho, iyaluqhuba endaweni yoko, iba zizixhobo ezinamandla zokubonakalisa uzuko lwakhe.

### ISIPROFETO

UThixo undiphe amandla okwenza imisebenzi emihle! Kungaba kwezenkonzo okanye kwezebhizinesi, impumelelo yam iqiniseke njengokuphuma kwelanga ekuseni!



**FUNDA UZANDISELE**  
KwabaseFilipi 2:13



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**66**  
INumeri 21-22; UMarko 6:1-31



**GoodNews**  
DAILY

## LOWO UPHETHE IINDABA EZIMBI

**KaPetros I 5:7 (ESV)**

Lonke ixhala lenu liphoseni phezu kwakhe, ngokuba yena enikhathalele.

Ubunyaniso belizwi likaThixo bubonwa ngokunyaniseka kwalo ngokwasezimbalini kunye nokusebenza kwalo nanamhla oku ebomini bethu. Nangona kunjalo amaKrestu amaninzi azifumana kakhulu exinzelelwe bubomi noxa nje isibhalo sisiqinisekisa ngoxolo esilunikwe nguThixo. Olu xolo lusazwa kye wonke umntwana kaThixo akube efumene ubomi noMoya wakhe. Akusosiphoso kwiLizwi likaThixo ke olu koko yingxaki kwibandla lale mihla.

Izigidi zabantu bangamaKrestu aphila ubomi obudiniweyo nokungonwabi, kungekuba babuthathaka, koko kungenxa yokuba bathwele imithwalo enzima ekungafanelanga ukuba bayithwale. Endaweni yokuyiphosa kuYesu naxa unyaka sele uprofetiwe kwathiwa ngoweoyili engaqhelekanga, imimangaliso engaqhelekanga, bayabambelela kuyo bazithwalele. Akuzange ubizwe ukuba uzokuba ngumthwali weendaba ezimbi. Kufuneka nje wena uhambe kuxolo nakuloyiso lukaKrestu olugqibeleleyo asele ekuqinisekisele lona

### ISIPROFETO

Andingomthwali weendaba ezimbi mna! Andibekelwanga kuthwalana neemeko ezinzima apha ebomini. Ndikhonsa uThixo ondandlalele indlela yoloyiso apha phambi kwam kwaye ndiza kuhamba kuyo!



**FUNDA UZANDISELE**  
KwabaseFilipi 4:6



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**67**  
INumeri 23-25; UMarko 6:32-56





**Good News**  
DAILY

## UMTHANDAZO OSUKA

### ENTLIZIYWENI

UMarko 11:24

Ngenxa yoko ndithi kuni izinto enisukusa nizicela, nithansaza, kholwani ukuba binokuzamkela; noba nazo.

Ukunyaniseka komthandazo akulinganiswa ngobuciko nokucukizeka kwentetho okanye isingqisho ude ube ngathi ngumbongo. Eyona nto ibalulekileyo kuThixo sisimo sentliziyo yakho. Iingcambu zokholo zisentliziweni. Isibhalo sithi, "Kuba umntu ukholwa ngentliziyo, ukuze abe nobulungisa..." Ukhohlo yimbonakaliso yangaphandle yokukholelwa kwethu kwiLizwi likaThixo. Xa uvakalisa ukholo lwakho ngamazwi, luba yombonakaliso yenkolelo esentliziweni yakho.

AmaKrestu amaninzi acinga ukuba imithandazo yawo ayiphendulwa kuba eyiphosile le nyaniso. Kambe, qonda ukuba imvumo yakho yokholo xa uthandaza ingaphezulu kokuphindaphinda obekuthewe nguThixo ngawe; kukuthetha ngokuvisisana nokholo lwakho ngokulungelelana neLizwi likaThixo. Umthandazo osuka entliziweni unamandla okuguqula ubomi bakho ngokupheleleyo, uvule ezona zinto zintle akubekele zona uKrestu. Thatha la mandla namhlanje!

### ISIPROFETO

Xa ndithansa, intliziyo yam ivisisana nokuthethwa zizibhalo ngam! Ngomthandazo osuka entliziweni, onyanisekileyo, ndiyatshitshwa kwaye ndicanda ikhonda elicacileyo lempumelelo ebomini bam!



**FUNDA UZANDISELE**  
KwabaseRoma 10:10



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**68**  
INumeri 26-27; UMarko 7:1-23

## IQABAZA NJE LIKAMOYA OYINGCWELE

**Kwabase-Efese 5:18 (KJV)**

**Kanjalo musani ukunxila yiwayini, ekukhoyo kuloo nto ukuzibhubhisa; manizaliswe nguMoya;**

Kusenokukothusa ukwazi ukuba iimvakalelo abantu abazifumanayo etywaleni, kwiziyobisi nakwezinye izinto ezifana nezo ziyafana nezaxa "unxile nguMoya oyiNgcwele". Ngomhla wePentekoste, xa kwakuthululwa uMoya oyiNgcwele, ababebukele babehlekisa ngabafundi bakaYesu besithi "hayi anxilile la madoda", engaqondi ukuba uvuyo nemincili eyayilapho izuzwa kuphela ngobudlelane noMoya oyiNgcwele!

Xa ugcwele nguMoya oyiNgcwele, kuba ngathi kuhamba umbane apha kuwe emathanjeni, egazini, emathatheni eempumlo zakho nasemzimbeni wakho, ehlaziya, omeleze yonke indawo apha kuwe! ! Xa unoKrestu akukho mfuneko yenye into; akukho qabaza okanye dowusi (dose) yenye into iza kukunceda. Khuphela kuyo yonke iminqweno yakho yenyama neziphazamiso, jonga phezulu, ugcwaliswe nguMoya wakhe!

### ISIPROFETO

UMoya oyiNgcwele apha kum uhamba ngokungathi ndibanjwe ngumbane! Ndakuzikhuphela kuye ndonke ndimvumele andilawule, ndifumana ukomelezwa ukuze ze ndikwazi ukujongana nayo nantoni na!



**FUNDA UZANDISELE**  
Izenzo 1:8



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU 69**  
INumeri 28-30; UMarko 7:24-37



### KumaGalati 4:1 (KJV)

**Ndithi ke, indlalifa, ngexesha lonke engumntwana, ayahluke nganto kumkhonzi, nakuba iyinkosi yeento zonke,**

Kqimihla yakudala, ookumkani abadumileyo nezizukulwana zabo ezidumileyo zazicwangcisela abantwana yabo ilifa, ziqinisekisa kuba ubutyebi nelifa labo zibekelwe bucala. Abo banelungelo kwelo lifa kodwa bengekalabelwa, babebizwa ngokuba ziindlalifa. Ngelishwa, amaKrestu amaninzi ahlala ubomi bawo bonke engalibangi ilifa lawo elipheleleyo lobuthixo. Isizathu? Isizathu kukuba abazinikeli kuThixo, bahlala bebambelele kwiziyolo zehlabathi.

Apha ezimbalini, iindlalifa yayidla ngokuba ngabantu abasebancinci, ekuyiloo nto neBhayibhile ibabiza ngakuba ngabantwana abo babotshwe zizinto zasenyameni! Ukuba ubambelele kubumnandi neziyolo zelizwe, ubomi bakho buza kuba njengobomntwana omncinci, ngaphantsi lee kunobuncwne bobundlalifa oyiyo.. Ukuqola kokwenyani kuqala wakwamkela ilifa lakho elipheleleyo kuKrestu!

### ISIPROFETO

Ilifa andabele lona uKrestu lixabiseke ngaphezu kobutyebi nodumo lwasemhlabeni. UThixo undilungiselele ukba ndibe nempumelelo! Ndala ihlabathi, ndithatha indawo yam ebubomi obahlukileyo, obunezinto ezingaqhelekanga. Intswelo ayibhalelwanga kweya iadresi, ngagama elinamandla likaYesu!



**FUNDA UZANDISELE**  
KumaGalati 4:3



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**70**  
INumeri 31-32; UMarko 8:1-21

**GoodNews**  
DAILY

## ONGQIBAYO AKAKWAZI KUKHETHA

Isityhilelo 1:6 (KJV)

wasenza ookumkani nababingelelo kuye uThixo uYise; kuse makubekho uzuko namandla, kuse emaphakadeni asemaphakadeni.

UTHixo ubenze oonyana bakhe ookumkani nabapriste (ababingeleli)! Indawo engundoqo kuqeqesho lwakho kukuba uqonde lo mmiselo ulula kodwa unzulu: ookumkani abacengi! Mhlawumbi ukhe uve xa kuthethwa kusithiwa “xa ucela awukwazi ukukhetha.” Ngamanye amazwi, ukuba uziphatha okomntu ongqibayo, wamkela nantoni na, uya kuzibona ulawulwa ziimeko, ngaloo ndlela ke akuwasebenzisi amandla owanikwe nguThixo okuba ube nezona zinto zigqibeleleyo ebomini.

UTHixo ukunike amandla okuba wongamele, woyise nayiphi imeko.

Kulo nyaka, zoyise zonke iimeko nokuba zinjani na, ngentambiso yeoyili engaqhelekanga. Njengomntwana kaThixo, ubizelwe ukuba uziphathe ngendlela ebonakalisa ukuba unamagunya, uphila ngobabalo yaye akuswelanga nanjengokuba ungowasebukhosini. Noxa ukuphila ngokwasehlabathini kunokumanela umntu ophila ngokwasenyameni, ubizo lwakho wena luphakame kakhulu. Ukunyathela kwakho makube kokwekumkani, hayi umntu ongqibayo okanye ocengayo!

### ISIPROFETO

NdingowaseBUKHOSINI mna! Andilawulwa ziimeko neesistimu zehlabathi. Soze ndiswele nto okanye ndihlale ndidakumbile mna. UThixo akalindelanga kucengwa ndim ukuba enze utshintsho empilweni yam; sele endenzele konke. Uloyiso lolwam!



**FUNDA UZANDISELE**  
KaPetros I 2:9



**I-365 BIBLE CHALLENGE – USUKU**  
**71**  
INumeri 33-34; UMarko 8:22-38

## IMPUMELELO EGQIBELELEYO

**KwabaseKorinte II 8:9 (KJV)**

Kuba niyalwazi ubabalo lweNkosi yethu uYesu Kristu, okokuba yathi, ibisisityebi nje, yaba lihlwempu Ngenxa yenu, ukuze nina nibe zizityebi ngobuhlwempu bayo obo.

Lo nguNyaka weOyili engaqhelekanga. Ubuhlwempu abunandawo ebomini bobuKrestu! Noxa kungangathi ndiyaxhokonxa ngale ntetho, isibhalo sona siyasiqinisekisa ngale nyaniso yomoya (spiritual) kwaneyasebomini obu sibuphilayo. Abantwana bakaThixo abakho phantsi kolawulo lweenkqubo zeli izwe. Thina kakade sibizelwe ukuba sibagqume ngobethu basezulwini ubukumkani bemumelelo neprosperithi egqibeleleyo.

Ungazikhethele ke ukuba ungayihoyi yonke into uKrestu akunike yona ngokufa nokuvuka kwakhe, uphile ngomgangatho ongaphantsi kunakulungisele wona uThixo, okanye ungakhetha ukuhlala ungaswelanga nto, kuyintabalala nje, sonke isithembiso sakhe sifezekile kuwe. Ilifa lakho eNkosini bubomi obungenantswelo, obungenasifo nasigulo, nobungaziwayo ngamashwa, ubomi BEMPUMELELO EGQIBELELEYO!

### ISIPROFETO

Ndiphumelela kuko konke endikwenzayo! Ndiyabala ubomi bentlupheko, ndisala nokuzibonakalisi izipho andibekela zona uKrestu. Akukho nto iya kunqanda ubutyebi bam nokuchuma kwam ebomini. Amathuba avulelekile kum yaye iintsikelelo ziza kundifumana ndihleli kulo nyaka!



**FUNDA UZANDISELE**  
UYohane 10:10



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**72**  
ULuka 5:1-39; liNdumiso 29-31

**GoodNews**  
DAILY

## UMTHULULI WOTHANDO

**KaYohane 14:20 (NIV)**

**Ukuba umntu uthe, Ndiyamthanda uThixo, wamthiya umzalwana wakhe, ulixoki. Kuba lowo ungamthandiyo umzalwana wakhe ambonileyo, angathini na ukumthanda uThixo angambonanga?**

Akumanganisi na ukuba baninzi kwabo abathi bayayithanda iNkosi ngentliziyo yabo yonke nangomphefumlowabo uphela? Olo thando kodwa alukangqineki xa lungekabonakaliswa kwabo kufuneka belubonile. Isibhalo sicacile sithi, ukuba unomntu omcaphukelayo nokubamnye, ibango lokubauyamthanda uThixo bubuxoki! Kulula ukukhwaza ngokuzinikela kwakho kuKrestu, kodwa uthando lokwenene lona lubonakala ngendlela oboaphatha ngayo abanye.

Abaninzi bayazibuza ukuba kutheni na bengazange khe bazifumane ezi ntsikelelo zisezibhalweni, babe bengaqondi ukuba emehlweni kaThixo ababalelwa phakathi kwabo bamthanda ngokwenene. Ngenxa yantoni? Ngenxa yentiyo abanayo ezintliziyo yweni zabo ngakummelwane. Thanda nabona bangathandekiyo, hayi kuba bekunele ukuthandwa, koko kuba uKrestu wakuthandayo kuqala ngoku wawukweyona meko yayingakuthandekisi.

### ISIPROFETO

Ndingumthululi wothando! Uthando endibathanda ngalo abanye lububungqina lwalowo anguye uThixo kum. Intiyo, ukunyoluka nobukrakra akusoze ubuchole nakanye apha kum, abukho! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
KwabaseRoma 5:8



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**73**  
INumeri 35-36; UMarko 9:1-32



## UNETYALA

### UNahum 1:3 (NIV)

UYehova uzeka kade umsindo, mkhulu ke ngamandla, ongakhe amenze msulwa onetyala; uYehova, indlela yakhe isesivunguwaneni naselulhwitsheni, namafu aluthuli lweenyawo zakhe.

UbuKrestu bokwenene buyakhawuleza ukuxolela, bunothando nakubona bantu bangafanelekanga ngenxa yothando olwabonakaliswayo kuthi kuqala ngoYesu Krestu emnqamlezweni. Noxa oku kuyinyaniso kumKrestu ngamnye, abantu abaninzi le hambo yobuthixo bayithatha bayenze ifane nokuyekela izinto, ungazikhuseli kutshaba xa luhlasela. Ayilunganga loo nto!

Ivesi yanamhlanje isixelela ukuba uThixo akasoze abayeke nje abakulwayo angabohlwayi. Xa ubeka imithwalo yakho kuMgwebi wehlabathi, Themba ukuba uza kunika isigwebo esifanele amatyala enziwe lutshaba lwakho. Ukhonza uThixo onamandla amakhulu. Musa ukuzikhathaza ngokube ucinga ukuba baza kukwenza ntoni na abantu, uya kukuphindezelela ngayo yonke into embi owenziwe yona!

### ISIPROFETO

Ndikhonza UTHIXO ONOBULUNGISA! Ngenxa yentambiso yeoyili engaqhelekanga phezu kwam, amacebo kamtyholi onke ngubumdaka bawo aza kohlwaywa ngomlilo ngeGama likaYesu! ANDOHLULWA NTO MNA!



**FUNDA UZANDISELE**  
IDuteronomi 32:4



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**74**  
IDuteronomi 1-3; UMarko 9:33-50



## AMAGUMBI ESIBHEDLELE

### ANGENABANTU

Ulsaya 53:5 (KJV)

Kanti yena uhlatywe ngenxa yezikreko zethu, watyunyuzwa ngenxa yezenzo zethu ezigwenxa; ubetho lokuba sibe noxolo thina lube luphezu kwakhe; siphiliswe ngemivumbo yakhe

Ungumntwana kaThixo, unelungelo lempilo entle yobuthixo ngenxa yentlawulelo awayiqinisekiso uKrestu ngovuko lwakhe. Ubomi bezigulo, izifo, ukungena uphuma ezibhedlele zange nakanye zayinxalenye yecebo likaThixo. Likhabe lonke icebo longendawo lokuzisa izigulo ebomini bakho nasefemlini yakho. UKrestu wayihlawulela impilo yakho entle ngokugqibeleleyo!

Xa uhamba kule nyaniso, uThixo ukubiza ukuba uhambise kwa-la mandla manye kwabo afuneka kubo. UThixo ukunike igunya phezu kwezifo zonke. Kungumsebenzi wakho ukuphilisa abagulayo nokubahlangula ebumnyameni ubangenise ekukhanyeni okuzukileyo kukaThixo, de lonke igumbi lesibhedlele nele-rehab centre lingabi naye nomnye umntu!

#### ISIPROFETO

UThixo undinike igunya lokuba ndibe nempilo entle yobuThixo! Undinike amandla okuba ndihambise la mandla okuphilisa kwabaswele impilo! Izigulo nezifo ngamavezandlebe, izinto ezingamenywanga kweyam ifemeli, ngeGama likaYesu!



**FUNDA UZANDISELE**  
UMarko 16:17-18



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**75**  
IDuteronomi 4-6; UMarko 10:1-31



## I-GPS KATHIXO

**KwabaseFilipi 1:6 (KJV)**

**Ekubeni ndikholose ngayo le nti, yokuba lowo wawuqalayo ngaphakathi kwenu umsebenzi olungileyo, wowufeza, ibe ibe yiloo mini kaYesu Kristu.**

I-Global Positioning System (GPS) isebenzisa isathelayithi ukukhangela indawo okuyo ngqo, ze ikukhokelele okanye ikuse apho uya khona. Enye yezinto emnandi ngayo kukuba iyakwazi ukukubonisa nenye indlela. Nokuba ungajika rongo kangaphi, iphinda ikubuyisele endlela es akule ndawo ufuna ukuya kuyo.

KumKrestu, uThixo usebenza ngendlela efanayo. Nokuba ziziphi iimpazamo ozenzileyo okanye unxaxhe kangaphi endleleni, uhlala esebenzela ukukubuyisela endleleni akubizele ukuba uhambe kuyo uYesu Krestu. Musa ke ngoko ukuzibiza ngezinto ezidlulileyo. UThixo akajonganga zimpazamo zakho; yena ujonge nto-nye, ukukubuyisela endleleni elungileyo kuphela.

### ISIPROFETO

Ndiqinisekile ngempumelelo yam ndakulandela indlela andibekele yona uKrestu. Nokuba ndiye ndenza zimpazamo zithini ngaphambili, ndiwuthembile umsebenzi omhle awuqalileyo kum uKrestu, uza kuwenza awugqibelelise ngeGama likaYesu elinamandla!



**FUNDA UZANDISELE**  
UYeremiya 29:1



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**76**  
IDuteronomi 7-9; UMarko 10:32-52



## ILISO LESAQHWITHI

**Isityhilelo 3:15-16 (KJV)**

**Ndiyayazi imisebenzi yakho, ukuba akubandi, akushushu; akwaba ububanda, akwaba ubushushu. Ngenxa enokuba ke udikidiki, ungabandi, ungeshushu, ndiza kukuhlanza uphume emlonyeni wam.**

Kwizifundo zemozulu, imithiriyoloji, izaqhwithi ezinamandla eziquka izitshingitshane, zidaleka ngokungqubana komoya oshushu nobandayo, zitsho kungazinzi emoyeni okanye kwiatmosfiye. Oku kudala imimoya ebhudlayo, izandondyo zemvula, noxinzelelo lomoya. Kusenzeka nje oku, kuye kuthi kanti phaya phakathi, embindini kuye kube ngathi kuzolile kanti kuqulethwe intshabalalo, liliso lesaqhwithi elo.

Uyabona ke, ukuthi ushushu ube ukwabanda, kudala imeko engazinzanga kwamoya. Ubomi obungxabalazileyo, ungazi ukuba ukuliphi icala, kungangathi akunangxaki apha embindini, kodwa kuza nentshabalalo eza kugqiba uxolo lwakho, injongo nentando kaThixo kwakunye nobudlelane bakho naye. Kulo nyaka mtsha weoyili engaqhelekanga, ngqala ukwenza, ujonge kuye kuphela. Vutha uvuthele izinto zikaThixo, uya kuyibona imimangaliso yakhe engenambaliso ebomini bakho!

### ISIPROFETO

Ndiyala ukuphila ubomi obudikidiki! Ndizinikele ngokupheleleyo kubomi andiphe bona uKrestu. Ngokuphilela uThixo, ndicima inkqwithela zamashwa nentshabalalo ebomini bam. Amen.



**FUNDA UZANDISELE**

KaYakobi 1:8



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**

**77**

IDuteronomi 10-12; UMarko 11

**GoodNews**  
DAILY

## ULIZWI PHAKATHI KWAMARHAMNCWA

UMarko 1:13 (NIV)

Waye esentlango apho iintsuku ezimashumi mane, ehendwa nguSathana; waye endawonye namarhamncwa; zaye izithunywa zezulu zimlungiselela.

Ukuzithi cebu, ube wedwa, kwandulela isityhilelo! Ukuqala kwiGenesis ukuya kwincwadi yeSityhilelo, ukuzithi cebu oku kubalulekile xa ufuna ukususa iziphazamiso ezinokubakho okanye ufuna ukukhusela ukuba unganxaxhi endleleni. Phantse wonke umntu owenze izinto ezinkulu eBhayibhileni ukhe wachitha ixesha eyedwa efumana imiyalelo yeZulu phambi kokuba angene ngokupheleleyo elubizweni lwakhe. UPawulos wahlala iminyaka emithathu kwelama-Arabhu, uMoses wachitha iminyaka emashumi mane entlango, uYesu wachitha iintsuku ezimashumi mane naye entlango. Asikokufana nje kwezi oku; kwakusisixhobo esasiyimfuneko ukuze iindlebe zivisisane neLizwi likaThixo.

Ukuba wedwa kuthetha ukuba ucima ingxolo apho ukhoyo, ujolise amehlo akho kuloo nto uThixo afuna ukuyibeka emoyeni wakho. Ngeli xesha lokuba wayethe gu bucala uYesu, wayehlangana neziphazamiso, ukuqala kwiidemoni ukuya kwizilo zasendle, kodwa wahlala akagungqa. Kukwezo meko apho ubunzulu benkcaso yangokomoya nangokwasenyameni babukho, nalapho iingelosi zazimnceda khona. Kulo Nyaka weoyili engaqhelekanga uze uzama uzicebula ube wedwa.

### ISIPROFETO

Xa ndizinika ixesha lokuphulaphula kuYehova, naphakathi kwamarhamncwa neziphazamiso, ndiyomelezwa, ndihoywe!



**FUNDA UZANDISELE**

UMateyu 6:6



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**

**78**

IDuteronomi 13-15; UMarko 12:1-27

**GoodNews**  
DAILY

## INDLU YEENYOSI

**Imizekeliso 13:20 (KJV)**

**Ohamba nezilumko uba sisilumko naye; Ke olikholwane lesidenge uya konakaliswa.**

Impumelelo yenyosi nobomi bayo buxhomekeke kwezinye. Phaya endlwini yazo, inyosi nganye inendima eyidlalayo, abasebenzi baqokelela incindi, oonesi bajonga eziselula, oonogada ngabakhuseli, ze ikumkanikazi ibeke amaqanda okanye amatyumza azigcina ziphilile. Ukuba enye yazo ayiwenzi umsebenzi wayo, indlu yazo isemngciphekweni. Ngokukwanjalo, singabantwana bakaThixo, sizithatha kancinci iziphumo zokuzinxulumanisa kwethu nabantu abangalunganga.

Yiba nomfanekiso-ngqondweni ngohambo lwakho noKrestu uyiloo ndlu yakwamoya yenziwe ngabantu ababekelwe ukuqhubela phambili ukuze kuzaliseke ubizo lwakho. Ukuzihlanganisa kwakho nabaneempembelelo ezingatshongo khona kungadala ukuba ungakhuli, uphume nasecaleni. Khetha ngobulumko. Zinxulumanise nabantu abacinga ngokufanayo nawe, abalangazelela ukuqhubela uBukumkani bukaThixo phambili. Ikamva lakho lixabiseke kakhulu ukuba ungabeka ubomi bakho esichengeni ngabantu abangenankathalo.

### ISIPROFETO

Ndihamba ngobulumko! Ndiyazikhwebula kuyo yonke into ebubudenge. Ubudllezane endinabo nabanye bungokomgangatho wasezulwini. Ndizidibanisa nabantu abaphila ngokuaThixo, abajonge phambili, njengam lo!



**FUNDA UZANDISELE**  
KwabaseKorinte I 15:33



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**79**  
ULuka 6:1-24; INdumiso 32-34



## IIMFUNDISO ZABANTU

UMarko 7:13 (KJV)

**Niliphanga igunya ilizwi likaThixo ngesithethe senu enasinikelayo, naye nizenza izinto ezininzi ezinjengezo.**

limiliyoni ngeemiliyoni zamaKrestu zibandezeleka ngenxa yokuba zithabatha amazwi okanye izithethe zabantu zibe yimfundiso yawo.. ISibhalo sibonisa ngokucacileyo ukuba enye yezinto ezimbalwa ezinokwenza iLizwi likaThixo lingasebenzi kukuphakamisa isithethe sibe ngaphezu kweLizwi likaThixo elingenamposiso.. Lo mzimba uwusebenzisayo emhlabeni liqokobhe nje, oyena mntu unguye ungumoya. Oku kuthetha ukuba izithethe zelizwe lakho, isixeko nentsapho yakho ziphantsi kwegunya eliphakamileyo leLizwi likaThixo.

Ukuba izithethe zehlabathi zikhuthaza intlupheko, ubukrakra, udandatheko nayo nayiphi na ingqondo nengcamango engqubanayo nemimiselo kaThixo, zigatye. Lahla apho! lipatheni ezinjalo zijonge ukukuhlutha iintsikelelo kunye neenyaniso ezityhiliweyo ezibhalweni. Ngokuya wawusamkela uKrestu, wazalwa ngokutsha uzalelwa kwinkcubeko egqwesileyo kunye negunya lokulawula kwimicimbi yasemhlabeni neyomoya. Hamba ngokolo gqweso ke namhlanje!

### ISIPROFETO

Ndiyazala izithethe zeli lizwe! Yonke inkolo okanye isiko elingasekelwanga sibhalweni singcwele alinandawo kum. Yonke inkolo okanye isiko elingasekelwanga sibhalweni alinandawo kum. ILizwi likaThixo ligunya lokugqibela ebomini bam; Ndihamba kwinzaliseko yalo namhlanje!



**FUNDA UZANDISELE**  
KwabaseKolose 2:8



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
80

IDuteronomi 16-18; UMarko 12:28-44



## ISELA LOVUYO

**Ulsaya 60:22 (NLT)**

Omnincinanana uya kuba liwaka, noweyeleyo abe luhlanga olunamandla. Mna, Yehova, ndiya kukukhawulezisa oko ngexesha lako oko.

Kukho intetho ethi, “Akulunganga ukuzithelekisa nabanye.” Le ntetho ilula kanje ibonisa inyaniso enzulu yaseBhayibhileni. AmaKrestu amaninzi aphulukana noxolo novuyo lwawo ngokuthelekisa iimeko zexeshana zezimali zawo, imitshato okanye imisebenzi. Isibhalo sisiqinisekisa ukuba uThixo unqwenela, ekwanenjongo yokusenzela okona kühle ebomini. Njengomzali onobulumko nowazi konke, uyalazi elona xesha lilungileyo, indlela kunye nexesha lokukhulula ezo ntsikelelo.

lingxaki azithethi ukuthi uThixo ukushiyaile, zingathethi kuthi azizukubakho iimini ezimnandi ngaphambili. Musa nakanye ukuba ubomi bakho uthi bufanele ukufelisha. Usenokubonakala usele ngasemva kwabanye, kodwa khumbula ukuba ugqatso asilolwabanamendu. UThixo uneplani egqibeleleyo yobomi bakho, ayizobe ngokwakhe, ezaliswe ziintsikelelo eziqinisekileyo!

### ISIPROFETO

Ubomi bam andibuthelekisi nobabanye! Ndiyazi ukuba uThixo uneplani engafaniyo nezabanye ngam. Andizi kuzibhaqa hlazweni lanto okanye ndothuswe nto kulo nyaka weoyili engaqhelekenga; ndikhonza uThixo OWENZA IZINTO ZENZEKE!



**FUNDA UZANDISELE**  
INTshumayeli 9:11



**I-365 BIBLE CHALLENGE – USUKU**  
**81**  
IDuteronomi 19-21; UMarko 13:1-20





**GoodNews**  
DAILY

## UKUNCOMA ABANGAMHLONELIYO UTHIXO

**INdumiso 37:1-2 (NIV)**

Musa ukuzivuthisa ngomsindo ngabenzi bobubi; usa ukubamonela abenzi bobugqwetha. Ngokuba baya kusikwa kamsinyane njengengca, Babune njengohlaza oluphumayo.

Abaninzi baphila ngoluvo olububuxoki bokuba iBandla lisemva, loo nto ikhokelele ekubeni babuke okanye banqwenele ukufana nabo basezikhundleni eziphezulu kubukumkani bobumnyama. Noko ke, isibhalo sicacile. Noko ke, isibhalo sicacile. Omnye umntu unokuba nobutyebi obuninzi kunye nempumelelo, kodwa xa uzazi ukuba ungubani kabani, umgangatho wakhe nabani na awunakutheleiswa nowobakho ubomi.

Ngokubuka nokuncoma abangamhloneliyo uThixo, uvulela umoya wabo noSathana ebomini bakho, kancinci kancinci uthathe imikhwa yehlabathi endaweni yobulungisa. KuKrestu, unobutyebi, iwonga negunya elikhulu kunaye nabani na ohamba nobumnyama. Akuxhityiswanga nje ngaphaezu kwabo, ulungisiwe waqiniselwa ukoyisa nayiphi ingxaki oluvela nayo utshaba.

### ISIPROFETO

Ndiyala ukunqwenelela ubomi babangamhloneliyo uThixo. Soze ndizilande izinto zikasathana. NOKuba bangade babe ngathi banamandla kangananani abehlabathi, mna ndikhonza uThixo omkhulu kunabo bonke! Mayibongwe iNkosi yozuko. Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
KuYohane I 4:4



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**82**  
IDuteronomi 22-24; UMarko 13:21-37

**GoodNews**  
DAILY

## KUXHOMEKEKE KUWE KONKE

**KaYakobi 1:22 (NLT)**

Yibani ke ngabenzi belizwi, ningabi ngabaphulaphuli kodwa, nizidephisela.

Ubuzazi ukuba umgangatho wobomi obuhilayo, ngakumbi obumalunga nokuphumelela kwakho ebomini, iprosperithi yakho, buxhomekeke apha kuwe? Nokuba unyaniseke kangakanani okanye uzinikele kangakanani kuThixo, akayi kuvela akuphe nje impilo entle okanye ubutyebi. Ezo zinto azingomvuzo koko ziziphumo zokusebenzisa kwakho iLizwi lakhe.

UTHixo ukunike iLizwi lakhe ngethemba lokuba, ngokulisebenzisa kwakho, sonke isithembiso asenzileyo siza kufezeka ebomini bakho. Ukanti amaKrestu amaninzi, ngenxa yokungawazi lo mgaqo, amkela buxoki bokuba "izinto ezimbi zihlala zisenzeka kubantu abalungileyo."

Inyaniso yeyokuba, noxa nje ukuzinikela kuThixo kubalulekile, asinto leyo kodwa ibubeka mgangathweni uthile ubomi bomKrestu. Into ephambili efunekayo kukusebenzisa imithetho le iseBhayibhileni. UThixo ukunikile amandla negunya lokutshintsha ubomi bakho. Kambe umbuzo umi, uza kulisebenzisa nae li gunya nala mandla uwanikiweyo?

### ISIPROFETO

Impumelelo yam ixhomekeke kum! UThixo undinikile izixhobo ezaneleyo ukuba ndibe nempumelelo. Kulo nyaka, ndiza kusebenzisa konke andinike kona uThixo ngeGama likaYesu elinamandla!



**FUNDA UZANDISELE**  
ULuka 10:19



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**83**

IDuteronomi 25-27; UMarko 14:1-36



## LE UYIBONAYO YILE UYIFUMANAYO

**UYoshuwa 6:2 (KJV)**

**Wathi uYehova kuYoshuwa, Khangela, ndiyinikele esandleni sakho iYeriko, nokumkani wayo, namagorha anobukrothi.**

Ilizwe lasemhlabeni lilawulwa ngokwenzeka ngokomoya. Ngoko ke, phambi kokuba ukuthathe uYesu akuphathele kona, qala ukubone ngokomoya, hayi ngamehlo enyama. Lo yeminye yemithetho elawulayo kwezoBukumkani. Umandla wokwenyama ulawulwa koko kwenzekayo ngokomoya. Ngoko ke, ngaphambi kokuba ukuthabathe oko uKristu akunikileyo, kufuneka kuqala ukubone kubonakaliswa ngokwasemoyeni, kungekhona ngokubona ngamehlo enyama, kodwa ngeliso lomoya. Lo ngomnye wemigaqo elawula uBukumkani.

Kule vesi yanamhlanje, uYoshuwa ubalisa ngeziganeko eziye zakhokelela kwidabi laseYeriko. Phambi kokuba kuqokelelwe umkhosi okanye kukhutshwe izixhobo, uThixo wathi isixeko eso sele esinikele esandleni sakhe. Inye into ekwakufuneka eyenzile yena uYoshuwa, kukuba aqale ayibone (ngamehlo omoya).

UTHixo ukukhululele konke okudingayo ukuze uphumelele, uchume. Yibone yonke loo nto ngokomoya ngokuhlala uthandaza nokufunda iLizwi lakhe. Inene uya kuyibona ifezeka kweli siphila kulo.

### ISIPROFETO

Ndiyayibona impumelelo, iprosperithi, impilo entle, amathuba avulekileyo kunye neentsikelelo esandleni sam! Sendiliphumelele idabi, ndiloyisile utshaba nkalo zonke ebomini bam. Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
IGenesis 13:14-15



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**84**  
IDuteronomi 28-29; UMarko 14:37-72



## UTHINI UTHIXO?

**UYobhi 22:28 (KJV)**

**Usongele into, ifezeke kuwe; Ezindleleni zakho kukhanye, kube mhlophe.**

AmaKrestu amaninzi akayivakalisanga ngendlela efanelekileyo intsingiselo yesi sibhalo nokubaluleka kwaaso malunga namandla asemazwini owathethayo. Amazwi owathethayo akakho malunga nokuthetha nje amagama amnandi anenkqubela; kukungqinelanisa amazwi akho nenyano yeLizwi likaThixo.. Ivesi yanamhlanje isikhumbuza ukuba xa sidanduluka ngamazwi sivumelana noKrestu, sishukumisa, sixhokoxa intando yakhe kweli limiweyo.

Ukukhonfesa asikokuphindaphinda ngathi usisikhwenene. Kunamandla kuphela xa amazwi akho eyile nto yithethayo ngawe uThixo. Uthini ke? Uthi weza ukuze usikeleleke, uphile; ube negunya namandla phezu kwamawonga eli lizwe; akungoweli hlabathi. Yithethe loo nto ungafihlisi! Asiyonto nje yobunkonzo leyo; yinyano emsulwa omawuphile ngayo nakweli limiweyo.

### ISIPROFETO

Amazwi endiwathethayo ahambelana ngqo neLizwi leNkosi. Ndithetha okuthethwa siSibhalo ngobomi bam, kwaye iinyano ezikuso zifezeka kweli siphila kulo, ngeGama likaYesu! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
KwabaseKorinte II 4:13



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**85**  
IDuteronomi 30-31; UMarko 15:1-24



**GoodNews**  
DAILY

## INDLELA ELULA VS UKUZINIKELA

**KuTimoti II 4:2 (KJV)**

**Livakalise ilizwi; zingisa ukwenjenjalo ngamathuba alungileyo naxakileyo; yohwaya, khalimela, vuselela, unako konke ukuzeka kade umsindo, nokufundisa.**

Kule mihla yokugqibela, abefundisi bamabandla bayakubethelela ukubaluleka kokuzuza imiphefumlo ( ngokukhupha abantu ebumnyameni babazise ekukhanyeni koNyana kaThixo oyintanda, uYesu Krestu. Nangona kunjalo, amaKrestu amaninzi iVangeli ayihambisa kuphela xa kumnandi kuwo kunokuba xa ethunywa nguMoya oyiNgcwele. Ivesi yanamhlanje isikhumbuza ukuba ngumsebenzi wethu ukwabelana nabantu ngokholo lwethu, kukuhle, kukubi.

UTHixo akasebenzi ngokweshedyuli yethu. Xa uMoya oyiNgcwele ekuthuma ukuba uthethe, musa ukuthi uza kulinda ixesha elifanelekileyo (elirayithi). Yenza ngoko! UYesu, ongumzekelo wethu ogqibeleleyo, wayelithetha ngenkalipho iLizwi ngoku kwakukho ababefuna ukumenzakalisa. Sukuvuma ukulithatha lula iLizwi noxa licacile nje. Sukungamhoyi uMoya oyiNgcwele xa ethetha nawe esithi xeleda umntu ngegospile. Thobela umyalelo kunokuhamba ngokokuthanda kwakho.

### ISIPROFETO

Ndihleli ndikulungele ukuhambisa iindaba zikaYesu Krestu nakubani na, naphi na, nanini na! Soze ndithi kuba ndilahliwe ngabanye ndingabancedi abantu. NjengoYesu, ndikhetha ukwenza endikuthunyiweyo kunokwenza endikuthandayo! Amen



**FUNDA UZANDISELE**  
KaPetros I 3:15



**I-365 BIBLE CHALLENGE – USUKU**  
**86**  
IDuteronomi 32-34;  
UMarko 15:25-47



## NGAPHAYA KWEEMEKO

**KwabaseRoma 12:2 (NIV)**

Kanjalo ningamilisi okweli phakade; manibe kumila kumbi ngokuhlaziyeka kwengqiqo yenu, ukuze nikucikide into okuyiyo ukuthanda kukaThixo okulungileyo, okukholekileyo, okuzalisekileyo.

Kukho ilizwe elingaphaya kweli silibonayo, elo lizukileyo nekulapho iLizwi likaThixo lisisiseko esongameleyo khona. Kweli lizwe lingaphaya, kusebenza imithetho yeLizwi likaThixo kuphela. Ngenxa kaKrestu, ngoku ungoweloo lizwe, kwaye uThixo ukunike iLizwi lakhe ukuze likuqeqeshele ubomi obungaphezu kweemeko zeli hlabathi. Ke, uze ungaze uthi, "Imeko endikuyo okanye ingxaki endinayo". Asiyonyani ophila ngayo wena leyo. KuKrestu uphila ngaphezu kwazo zonke iimeko ezimbi.

Ukuze uhambe ngokupheleleyo kule meko iphakamileyo yobungcwele, ingqondo yakho kufuneka ithobele iLizwi likaThixo yonke imihla. Ngokuthi inyama yakho ithobele inyaniso kaThixo, uyakhululeka kwiipatheni zehlabathi zezigulo, intswelo, udandatheko namashwa, ungene kubomi obutsha obungenantswelo kodwa obuchumileyo.

### ISIPROFETO

Andilawulwa ziimeko zehlabathi! Ndiphila ubomi obukude lee kwiingxaki elijongene nazo ihlabathi. Mna ndazalelwa kwilizwe elilodwa lozuko lukaThixo! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
Kwabase-Efese 2:6



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**87**  
UYoshuwa 1-3; UMarko 16



**GoodNews**  
DAILY

## UNYANA UNJENGOYISE

**KwabaseKorinte II 3:18 (KJV)**

Thina ke sonke, sinobuso nje obubhenqwe isigqubuthelo, sibukhangela njengokwasesipilini ubuqaqawuli beNkosi, senziwa similise okwaloo mfanekiso, sivela ebuqaqawulini sisinge ebuqaqawulini, kwanjengokuvela eNkosini enguMoya.

Ngokuya yayiphila emhlabeni iNkosi yethu uYesu Krestu yayingaphili njengonyana kaThixo esebuqaqawulini bakhe ngokupheleleyo, yayiphila njengoNyana woMntu. Yakhetha ukuphila njengomntu ukubonisa ukuba imimangaliso nemiqondiso eyayiyenza nawe ungakwazi ukuyenza, wena mntwana wayo, noxa ukulo mzimba wenyama.

Usayifunda unjalo iGospile kaYesu Krestu, ukwalingqina lemimangaliso yakhe, sukucinga nakanye ukuba imisebenzi yakhe elungileyo awayeyenza akunakuze ukwazi nawe ukuyenza. UKrestu weza kuba ngumzekelo ogqibeleleyo, umzobo wendlela esifanele ukuphila ngayo. Ukufa kwakhe emnqamlezweni kwakungeyontlawulelo nje kuphela; wafa ukuze uzuze kananjalo nihambe ngala mandla nobomi anabo.

### ISIPROFETO

Ndinobomi bukaKrestu! INkosi uYesu ingumzekelo wam ogqibeleleyo kwaye njengokuba ndifunda, ndicamngca ngelizwi lakhe, imihla yonke ndiyatshintshwa ukuba ndide ndifane naye. Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
KaYihane I 4:17



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**  
**88**  
UYoshuwa 4-6; UYohane 1:1-28





## OKUZA KWENZEKA, KUZA KWENZEKA

ULuka 10:19 (KJV)

Niyabona, ndininika igunya lokunyathela phezu kweenyoka noonomadudwane, naphezu wawo onke amandla alo utshaba; kanjalo akukho nto ingakhe inenzakalise.

Kukho amaKrestu angubhubhane angavumiyo ukwamkela ukuba anamandla okuguqula iimeko zawo. Uninzi luyeka nje izinto zizenzekele, lwamkele loo ndlela kuyiyo, endaweni yokunyanzelisa izinto zitshintshe. Iintetho ezinjengokuthi “Mayenzeke eyenzekayo” okanye “Ukuba yeyam, iza kuza kum” bubuxoki obuphuma kulowo ulutshaba, ofuna ukukuvalala ungalixhamli ilifa lakho.

Njengomntu ozelwe nguThixo, unikwe igunya namandla okubhukuqa lonke icebo kunye neengcinga ezikhohlakeleyo zotshaba. Ungakubiza konke oko uKrestu akunike kona. Oku kuthetha ukuba ungayibiza impumelelo okanye iprosperithi yakho, imilo entle, uyalele lonke uhlobo lwentsikelelo ukuba luze lungxamise ebomini bakho. Thatha iLizwi likaThixo ulibambe namhlanje, hamba enyanisweni yalo, ubone ubomi bakho kuguquka ngomaphakade.

### ISIPROFETO

Akukho nto iya kundivala amehlo! Akukho meko ingaphaya kwamandla am. AndingomKresu uleleyo mna; ndenza izinto zenzeke! Amen.



**FUNDA UZANDISELE**  
KwabaseFilipi 4:13



**I-365 BIBLE CHALLENGE – USUKU**  
**89**  
UYoshuwa 7-9; UYohane 1:29-51

**GoodNews**  
DAILY

## UKUNGALINAKI ILIZWI

**UHoseya 4:6 (KJV)**

Bayatshabalala abantu bam kukuswela ukwazi; kuba wena ukucekisile ukwazi, ndiya kukecekisa, ukuba ungabi ngumbingeleli kum. Wawulibala umyalelo kaThixo wakho; ndobalibala abantwana bakho nam.

Enkundleni yamatyala, ukuthi into ubungayazi akusosizathu sivakalayo. Ngelishwa, amaKrestu amaninzi aluzazi iinyaniso zezibhalo. Ngenxa yoko, aphila ubomi obuhlekileyo obufana nobabanye, obuthwaxwa ziintlungu, ukuhlwempuzeka, intswelo nokutsala nzima. Akunjalo ebomini bawo kuba kuthanda uThixo koko kungenxa yokuba engazazi izinto zawo.

IBhayibhile icacile: abantu bakaThixo batshabalala kuba bengazi, hayi kuba utshaba lunamandla amakhulu. Kungenxa yokuba abakuxhobelanga ukumchasa. ILizwi likaThixo sisixhobo sakho. Ngokufunda nokucamngca ngalo, ufumana izixhobo zomoya zokoyisa nokuba uhlasela ngaphi na usathana. Musa ukuvuma ukuhlala ngaphantsi komgangatho welifa lakho. Hamba ngamandla nezithembiso zeLizwi likaThixo.

### ISIPROFETO

NdinguMKrestu ozimisele ukufunda! Ndokufunda iLizwi likaThixo, ndixhobela idabi elizayo. Ndakufunda iLizwi leNkosi, utshaba alunakuze lumelane nam! Uzuko malube kuye uThixo. Amen



**FUNDA UZANDISELE**

Ulsaya 5:13



**I-365 BIBLE CHALLENGE - USUKU**

**90**

UYoshuwa 10-12; UYohane 2



IGoodNews Daily iyakuvuyelwa ukukwazisa ngoshicilelo lweencwadi ezintsha ezenzelwe ulutsha kunye nezabantwana abancinci, lukhapha leya yokuqala yabantu abadala. Incwadi nganye inelizwi elingumyalezo wosuku osuka kuMprofeti u-Uebert Angel, obekwe ngendlela elungiselele iimeko namanqanaba ahlukeneyo obomi, usenza unxulumano nelungu losapho ngalunye.

Ezi ncwadana zihlanganiswe ngononophelo ukwenzela ukuba iLizwi likaThixo livuke liphile, lizekeliswa ngokwendlela abaza kuyiqonda lula ngayo abantu xa beyifunda kananjalo ifike ichane ndawo ithile emntwini, imncede ukuba akhule elukholweni nasemoyeni. Umsebenzi wethu kkuqinisekisa ukuba inyaniso kaThixo ifikelela kubantu bonke ngokweminyaka yabo yobudala, ikhuthaze ihambo enzulu naye uThixo mihla yonke.

#### INCWADI YOLUTSHA

Ingena nzulu, inike ulwazi oluxhobisa umntu omtsha ngobulumko, lumoleze kwiimeko zobomi ahlangu nazo.

#### INCWADI YABANTWANA

Yenzelwe ukubafundisa iikhonsephi ezisisiseko nezingundoqo ezimalunga nokholo, uthando kunye nezithembiso zikaThixo, ngendlela enika umdla, inceda ukwakha ubudlelane obuqinileyo phakathi kwezo ntliziywana zabancinci noThixo, kwanokuyenza ibe yinto ephilekayo iBhayibhile.



Suku ngalunye, uza kufumana iLizwi lakho eliprofetiweyo losuku lubhalwe nguMprofeti u-Uebert Angel, umyalezo owenzelwe ukukomeleza kwihambo yakho noThixo, nokukukhokela ngendlela omawuphie ngayo ngeLizwi lakhe. Yindlela enamandla kakhulu yokukhulisana kweefemeli elukholweni nasekuyiqondeni nzulu inyaniso kaThixo.

#### UNGAPHOSWA!

Qalisa ngoku ufumane amandla aguqulayo eGoodNews Daily, isikhokelo sakho seziprofeto zokuphakamisa nokukhuthaza isizukulwana ngasinye!





## INKOSI YETHU YESU KRESTU

INKosi yethu uYesu Krestu yintsika yokholo yobuKrestu. Ubomi bakhe neemfundiso zakhe zibe nempembelelo enkulu ezimbalini. INKosi yethu uYesu Krestu iyaziwa ngovelwano lwayo olunzulu, ubulumko kunye nezenzo ezimangalisayo ezenzileyo. Umyalezo kaYesu wawugxile eluthandweni, ukuxolela nesithembiso sobomi obungunaphakade, enika ithemba nentlawulelo yezono kubo bonke abakholwayo kuyo iNkosi. Ngexesha lakhe emhlabeni walityhutyha lonke elakwaYuda (Judea), ephilisa abagulayo, ethuthuzela abaxhwalekileyo, efundisa ngobukumkani bukaThixo obungunaphakade.

Ukwamkela kwakho uYesu njengeNkosi noMsindisi wakho kuthetha ukwamkela iimfundiso zakhe nokumema ubukho bakhe obuza nenguqu ebomini bakho. Luhambo olo olusingise ekufezekeni nakwinzaliseko yomoya, esekelwe kukholo, uthando nakwisithembiso sosindiso.

NgeNkosi yethu uYesu Krestu, sifumana amandla, ithemba kunye nendlela esa kuxolo lwanaphakade. Ukwenziwa ukuba opheleleyo okanye ukusindiswa, kuthetha ukuzithoba kuThixo nakwicebo lakhe nenjongo yakhe ngobomi bethu. Kukujika kwiindlela zethu ezindala siguqukele kuYesu Krestu, simcele ukuba asixolele izono zethu, asinike ubomi obutsha sikuye.

### KWABASEROMA 10:9:

“Ngokuba, xa uthe wamvuma ngomlomo wakho ukuba yiNkosi uYesu, wakholwa ngeNtliziyo yakho ukuba uThixo wamvusa kwabafileyo, wosindiswa.”

Usindiso sisipho sikaThixo kuthi, size ke sibe ngabantwana bakhe. Lulwamkelo kusapho lukaThixo olungenakujikwa nangubani, lukwaluxhotyiso lokuphila ubomi obugqibeleleyo, ngokupheleleyo, ngenjongo yokubonakalisa uThixo kuyo yonke indalo yakhe.



UMAMKELE

# UYESU KRESTU?

Kaloku yena uNyana woLuntu wezela ukufuna kwanokusindisa abantu abalahlekileyo. – ULuka 19:10

## **SICELA UKUBA WAMKELE UYESU KRESTU NJENGENKOSI NOMSINDISI WAKHO NGOKUTHANDA LO MTHANDAZO:**

“Yehova, Thixo wethu, ndiza kuwe egameni likaYesu Krestu. Ndikholwa ngentliziyo yam yonke kuYesu Krestu, unyana kaThixo ophilayo. Ndiyakholwa ukuba wafa waza uThixo wamvusa kwelabafileyo. Ndiyakholelwa ekubeni uyaphila nanamhlanje. Ndiyavuma ngomlomo wam ukuba ukususela namhlanje uYesu Krestu yiNkosi yobomi bam. Ngenxa yakhe nasegameni lakhe, ndinobomi obungunaphakade; ndizelwe ngokutsha.

Enkosi bawo ngokusindisa umphefumlo wam!  
Ngoku ndingumntwana kaThixo. Halleluya!”

Siyavuyisana nawe!  
Ngoku ngumntwana kaThixo.

Ukuze ukhule ke hlala eLizwini, thandaza yonke imihla, womelele elukholweni. Intle indlela akulungiselele yona uThixo ngaphambili.

**Ukuba ufuna ukukhula kwihambo yabo yobuKrestu qhagamshelana nathi:**

**UK:** +44 3333 448 612 | **USA** +1 240 781 6942

**RSA:** +27 51 004 0209 | **ZWE** +263 773 195 955

**Email:** gnd@goodnewsworld.com



SCAN ME



ISIFUNDO

# SOKUKHUSELWA

Ujikelezwe ngamandla kaThixo, akukho bubi buya kumelana nawe!

## ISAIAH 54.

14. Uya kuzinza ngobulungisa; ungakhe uxhale ngokuba akuyi kuba nakoyika; ungakhe uxhale uqhiphuke umbilini, ngokuba akuyi kusondela kuwe.

15. Yabona, bayaqukana bahlanganisane, andikho mna kuloo nto; nokuba ngoobani na abaya kuqukana ngawe, baya kuwa ngenxa enawe.

16. Yabona, mna ndadala ingcibi efutha umlilo wamalahle, ivelise impahla ngkweshishini layo; kwamna ndadala nomonakalisi wokuyonakalisa.

17. Zonke izixhobo ezikhandelwa ukulwa nawe aziyi kuba nampumelelo; zonke iilwimi ezimelene nawe ematyaleni uya kuzigweba. Lilo eli ilifa labakhonzi bakaYehova, nobulungisa babo obuphuma kum; utsho uYehova.

Utsho uYehova, laye iLizwi lakhe aliya kuwa phantsi ngeGama likaYesu!

**Ukuba ufuna ukukhula elukholweni,  
qhagamshelana nathi:**

**UK:** +44 3333 448 612 | **USA** +1 240 781 6942

**RSA:** +27 51 004 0209 | **ZWE** +263 773 195 955

**Email:** gnd@goodnewsworld.com



**SCAN ME**





ISIPHO

## SOSINDISO

**KWABASEROMA 10:9:**

**"Ngokuba, xa uthe wamvuma ngomlomo wakho ukuba uyiNkosi uYesu, wakholwa ngentliziyo yakho ukuba uThixo wamvusa kwabafileyo, wosindiswa.**

Usindiso ngowona mmangaliso mkhulu kunayo yonke. Aluzuzwa ngamisebenzi mihle okanye ngakulandela migaqo yenkolo. Sisipho sikaThixo nje qha. Wathi akufa aphinde avuke uYesu Krestu, wavulela wonke umntu ukuba ahlangulwe esonweni angeniswe ebomini obungunaphakade. Iingalo zakhe uzivulile, uthi makeze wonke obiza igama lakhe ekholwa.

Akukhathaliseki nokuba uvela phi okanye wenze ntoni, igazi likaYesu lihlamba sonke isono, lucima yonke impazamo nabo bonke ubuyatha nokufelisha kwakho. Ngomzuzu nje omnye wokuba uvakalisa ukholo lwakho, okwangaphambili kuyacinywa kuqale ubomo obutsha. Konke ekufuneka ukwenzile kukukholwa ngentliziyo ukuba uYesu yiNkosi, uze uvume ngomlomo wakho. Usengamamkela nangalo mzuzu.

Yithi: "Nkosi uYesu, ndiyakholwa ukuba wandifela wandivukela. Ndiyakwamkela ukuba ube yiNkosi noMsindisi wam."

Ugqibile. Uzelwe ngokutsha ngoku! Uphumile ekufeni, ungene ebomini







UMZUZU

## WOKUPHILISWA KWAKHO

KAPETROS i 2:24: “owathi ngokwakhe, izono zethu wazithwala ngomzimba wakhe emthini, ukuze sithi, sifile ngakwizono, siphilele ebulungiseni; omivumbo yakhe naphiliswa ngayo.”

Ukuphiliswa akusosithembiso esiseza kwenzeka; ngumsebenzi ogqityiweyo. Xa uYesu wayejinga kulaa mngamlezo, wayengathwelanga zono zakho kuphela, wayethwele zonke iindidi zezigulo, zonke iintlungu, nabo bonke ubulwelwe.



Akufanele ke ngoko ukuba kube nzima ukuphiliswa kwakho; waphiliswa kwiminyaka engaphaya kwengamawaka amabini eyadlulayo. Ngoku, okuseleyo kukuba wena ukholelwe kuloo nto. Wakwamkela uYesu Krestu, kwangoko laa mandla amvusayo ekufeni ayaqlisa ukusebenza emzimbeni wakho.

Thetha ubomi kwiseli nganye nakwithambo ngalinye. Kwale kuphele kuthi tu ukugula. Ndaweni yoko, thetha la magama alandelayo uqinisekile: “Ngemivumbo yakhe ndiphilisiwe.”

Ngalo mzuzu, amandla yiva amandla akhe etyhutyha umzimba wakho. Lonke uphawu lwesigulo maluguqe kwigama likaYesu.

Yamkela ukuphiliswa kwakho, kufikile!



UMBONO WEHLABATHI UFUNA

# IBHAJETHI ENGANGEYEH LABATHI

PHATHISANA NATHI NGE-GOODNEWS DAILY



Nyanga nganye, sinabaxhasi abazinikele ekuhambiseni iikopi zasimahla zencwadana yethu yezibhalo, iGoodNews Daily kubantu abakumakhaya eenkedama, ezitrongweni, ezibhedlele, emakhayeni agcina abadala, ezikolweni, kumaziko karhulumente, nakwenzinye iindawo ezininzi ehlabathini liphela. Buninzi ubungqina esibufumanayo ngokusindiswa kwabantu, ukuphiliswa nokubonelelwa kwabanye, kunye neminye imiqondiso, ngenxa yeli phulo lokuhanjiswa kwale ncwadana.

Sijoyine ube yinxalenye yale ntshukumo izukileyo kaThixo, unike nokuba nnye umntu ithuba lokuba neqalo elitsha nethemba elitsha lengomso.

**Ukuba ufuna ukukhula kwezobuKrestu  
qhagamshelana nathi:**

**UK:** +44 3333 448 612 | **USA** +1 240 781 6942

**RSA:** +27 51 004 0209 | **ZWE** +263 773 195 955

**Email:** gnd@goodnewsdaily.com





MNYE UMYALEZO

## IILWIMI ZONA ZININZI

NGOBA UMYALEZO KAKRESTU AWUSIKELWA MDA WALWIMI

IGoodNews Daily iguqula ubomi babantu ehlabathini ngeelwimi ezininzi ezithethwayo eguqulelwe kuzo, inika izigidi ngezigidi indlela yokufikelela ekwazini ngoYesu Krestu osindisayo. Kwizizwe ngezizwe neenkubeko zazo, yonke indawo abantu bahlangana neLizwi lesirofeto, bekwatshintshwa ubomi kukuhlangana noThixo ngale ncwadana.



I-GoodNews Daily igawula imiqobo yaye ithetha ngqo ezintliziyweni zabantu ngeelwimi zabo. Ifikelela kuwo onke amaqanaba oluntu, emakhaya nasezikolweni ukuya ezinkonzweni, eziyunivesithi, nditsho nakwiikokeli nooprezidanti bamazwe ngamazwe.

Ngokuthwala kwayo iLizwi lesiprofeto likaMprofeti u-Uebert Angel, ilisa kwiintlanga ngeentlanga, iGoodNews Daily inceda ekuzalisekiseni iKhomishini enkulu, iGreat Commission, kwesi sizukulwana.

UKUBA UFUNA UKUFAKA ISANDLA, NGENA KWIWEBHUSAYITHI  
YETHU:

WAMKELEKILE

## KWIJELO LETHU ONLINE



### ZINIKE IXESHA UKHANGELE OKUFUNAYO


Ngena kwiwebhusayithi yeGoodNews Daily ukhangele incwadana yabadala, umthinjana kunye nabaselula, inye kuzo ezi ibhalelwe ukomelelza ukholo lwakho nokukuqondisa nzulu ngeLizwi likaThixo. Kule webhusayithi kukwakho iimfundiso zikaMprofeti u-Uebert Angel, iindaba ngenkqubo ezikhoyo kunye nezinye izibonelelo (resources) ezenzelwe ukuba ukhule, wande kwiinkalo zonke zobomi bakho.

Mhlawumbi ufuna ilizwi lenkuthazo laloo mini, imfundiso ethile, okanye iindlela onokukonektha ngayo neGoodNews World, konke oko kyafumaneka kule webhusayithi yeGoodNews Daily.




Konekthana nathi kula majelo e-social media:  
@goodnewsdailydevotional


# YONKE IMIHLA



Joyina abaphulaphuli bethu abaluyala ngeGoodNews Daily usuku lwabo. Mamela iGoodNews kuSpotify, ibe liqabane lakho endleleni yakho yokufunda ngeenyaniso zaseBhayibhileni, ngokuzityhilelwa nokuzifundiswa nguMprofeti u-Uebert Angel.



# YONKE IMIHLA



Sikuphathela ubungqina bokwenyani ngegalelo lencwadi iGoodNews Daily kwitshaneli yethu kaYouTube. Nanjengencwadi yezifundo zokholo egqwesileyo, baninzi abatshintshwe ubomi ngumyalezo wayo wethemba, uthando nokholo. Ngeemfundiso zikaMprofeti u-Uebert Angel, iGoodNews Daily isisixhobo esinamandla esitshintsha ubomi babakholwayo, isisikhokelo nomomelezi kwihambo yabo noThixo.



SUBSCRIBE NOW

**HLALA UKONEKTHILE, HLABA  
UKHUTHAZEKILE**

06:00 AM

ALARM FOR TODAY: A LIFE OF PEACE & JOY

**DAWUNLOWUDA I-ALARM YE-GOODNEWS DAILY  
APHA:**

[WWW.GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL.COM](http://WWW.GOODNEWSDAILYDEVOTIONAL.COM)

# GoodNews DAILY CONNECT

ILIZWI LIKATHIXO LI-FRESH YONKE IMIHILA, COFA NJE



IYAFUMANEKA

Hlala ukonekthe eLizwini naphina apho ukhoyo! Fumana incwadana yezibhalo zokholo enemithandazo, imiyalezo ekhuthazayo, neemfundiso ezinzulu zikaMprofeti u-Uebert Angel, eziza kukomeleza, zikwakhe elukholweni, yonke imihla.



Get it on  
Google play



Available on the  
App Store



# IVENKILE YETHU

ZONKE IZINTO ZISENDAWENI ENYE



## GOODNEWS DAILY COMPENDIUM - VOLUME ONE

Ukuze uphile ubomi obuneziqhamo kuKrestu, uqala ngokuba ube nomnqweno wokwazi nokuqonda iLizwi likaThixo. I-GoodNews Daily Compendium, ebhalwe nguMprofeti u-Uebert Angel, yenza kube lula ukufezeka kwale njongo kwaye ibe nentsingiselo ephuhlileyo ngakumbi. UVolume 1 uhlanganisa izahluko ezininzi ezinobunzulu, ezinezifundwana ezinezihloko ezahlukeneyo, zonke zicwangciswe ngendlela ekulula ukuyilandela nokuyiqonda. Iphepha ngalinye lincedisana nawe ukuze ukhule kukholo lwakho, uze ubunzulu bale Vangeli, uxhamle namandla eLizwi likaThixo aguqula ubomi imihla ngemihla.

SEBENZISA NGENXA YEKHOWUDI YE-10% EKUSENI  
UKUTHENGA KOKUQALA:  
GOODNEWS10

SKENA APHA  
UNGENE  
EVENKILENI







## USHICILELO 1 | 2026

### JANYUWARI – FEBHRUWARI – MATSHI

I-GoodNews Daily yincwadana yezibhalo zokholo eveliswe yiSpirit Embassy:

I-GoodNews Church, yabelana nawe ngeemfundiso zobuprofeti nezityhilelo zikaMprofeti u-Uebert Angel. Ibandla eli lizinikele ekuhambiseni umyalezo kaYesu Krestu kunye nokufundisa, lixhobsa abakholwayo ngeLizwi likaThixo

**UKUBA UFUNA ULWAZI OLUPHANGALELEYO, UMTHANDAZO OKANYE UFUNA UKUZIBANDAKANYA NEBANDLA, KHANGELA ISEBE ELIKUFUPHI KUWE:**

Igama lesebe:

Thetha nalo mntu:

Ifowuni:

I-imeyili:

Iadresi:

**Copyright © 2025 by Uebert Angel**  
**All rights reserved.**

support@goodnewsworld.com  
www.goodnewsworld.com

Ulwazi oluphangaleleyo lufumane apha okanye nika ubungqina apha:  
gnd@goodnewsworld.com | www.goodnewsdailydevotional.com

**Ukuba ufuna ukukhula kwezobuKrestu qhagamshelana nathi:**

**UK:** +44 3333 448 612 | **USA** +1 240 781 6942

**RSA:** +27 51 004 0209 | **ZWE** +263 773 195 955

**Email:** gnd@goodnewsworld.com



SCAN ME



For further information on how to  
grow as a Christian, please get in  
touch with us at:

UK: +44 3333 448 612  
USA +1 240 781 6942  
RSA +27 51 004 0209  
ZWE +263 773 195 955

**[gnd@goodnewsworld.com](mailto:gnd@goodnewsworld.com)**  
**[goodnewsdailydevotional.com](http://goodnewsdailydevotional.com)**

SCAN FOR YOUR  
FREE DOWNLOAD

